# UHAMBO LUKA GQOBOKA

NGU

**H. M. NDAWO,**

*Umhlanganisi we-Ntsomi Zabantsundu.*

" Baninzi abaya kuza bevela empumalanga nasentshonalanga bahlale pàntsi ndawonye no-Abrahame, no-Yisake, no-Yakobi ebukumkanini bezulu ; kodwa usapò lobukumkani luya kulahlelwa ebumnyameni bangapàndle ; apò kobakò ukulila nokuqàqàzela kwamazinyo." Mat. 8. 11-12.

LOVEDALE INSTITUTION PRESS.

# INTSHAYELELO.

ELIBALI litåbatė isimo somfanekiso ka Gqo-bòka. libonisa ukumiwa kakuhle kwelizwe lakowabo; atl ukuliteketisa kuse "Mhlangeni."

Belineziyolo ezimnandi nezitsala ingqondo yomntu. Ngalomhla walishiya ulishiye enga akangelishiyi. Uhambò lwakė oluzele bubunzima uluqùbe påkati kwezo ngxakeko nenxwaleko, maxesha wambi ade apėlelwe luluvo lobuntu lwendalo.

Ubalisa ngokunobom ekuqubisaneni kwakė namaramnco asendle; ukuba nesibindi kwake, anyamezele ade awoyise.

Ama pùpå akė ebengummangaliso kuba into ayipùpileyo bekuhlala kuhlale ibekò inqlnwe kwisizukulwana.

Usixelela into yokuba umntu nawuplna mhla azalwayo uzalwa sele nabalingane ababini u-Kånyo no-Bumnyama. Omnye kwaba akaqebuki, kude kube påmbi ko-Mgwebi.

U-Bumnyama ubeke abe yingonyama egqumayo efuna nabanina engamqwengayo. Ubeke abe yingwe, abe yi namba, abezinto zonke ezibu nxwaleko, amashwa nobunzima.

Ihambò esinga kwelozwe lizayo igqita kweli ramnco elizi guqula ofani ngofani.

Abo baluhambayo oluhambò bahamba ngokukangela! Balwe benetemba benesibindi, beno nyamezelo kude kube sekugqibeleni ukuze emveni koloyiso batlwe jize ngewonga lodumo elingasakupėla, banxitywe imixhaga engasakugqola, benikwa ngu-Mlauli wezilauli, opėtė ingcwele, izulu kwanomhlaba.

Isigoga Post, H. M. NDAWO.
P.O. Matatiele.

# IZALATISO.


ISAHLUKO I.

E-Mhlangeni ... ... ... ... 1

ISAHLUKO II.

Ukunduluka E-Mhlangeni ... ... ... 29

ISAHLUKO III.

Ilizwe Elihle ... ... ... ... 37

ISAHLUKO IV.

Imini Ezinzima ... ... ... ... 45

ISAHLUKO V.

Ipùpà ... ... ... ... 67

ISAHLUKO VI.

Umbono ... ... ... ... 80

# ISAHLUKO I.

## E-Mhlangeni.

### I.

Elona gama lam lakokwetù ngu-Nqòla, eli lokuti Gqobòka liza mva.

Ngalomihla, nam andisazi ukuba kuninina; kodwa isahleli engqondweni into yokuba wausemtsha umhlaba lo ngeloxesha. Kwakumiwe ngabantu bakowetù kumhlaba wase mpumalanga e-Mhlangeni.

Kwakwakiwe, imizi izinqili.

Lonto yokuba ibezinqili ibangelwe zinto ezimbini ezipandle.

(1) Intshaba ezazikòlisa ukuhlasela abantu bengenzanga lutò zazi ngezizo, ngako oko ke kubonwe ililungelo ukuba imizi ingahlukahlukani ukuma kwayo, ukuze intshaba zingabafumani abantu besisisulu bengabanye, zitshayele.

(2) Abantu beloxesha bekungekuko nokuba bebetàndana. Unyana ubemva uyise, unina, umkùluwa wakė nabadala kunaye. Intombi ibimazi unina, ihlonele nabanye abangengabo onina.

Umolokazana ube wuhlonela umzi ngentlonelo epàkamileyo, ebapàkamisel'apà uyise no ninazala engavumeli moya mbi ukuba ungene pàkati kwabo. Izihlobo ezilunge kulomzi uyazazi uzipàkamisel'apà.

Olutàndo belusuke lwenza ukuba imizi ibezinqili; kusitiwa ukwahlula imizi kukwahlula utàndo nokuncipisa amandla.

Izitébe bezipàmbana kube lutùli kungekò mfazi ungapèkiyo, ziqokelelane kwindlu Enkulu.

Abantwana bebe kùlela kwayisemkùlu bebaliselwa intsomi ngamaxegokazi angoninakulu, zikòtàna izitshaba kungekò kugxeleshana ukutàbatèla komnci kude kupàtèlele exègweni.

Ngalomihla okòkò babe nengqondo eyodwa, babe singetè amasiko angawo, pàntsi kwenkosi ababe lunge kuzo, iratshisa into yokubona bewa pètè ngohlonelo.

Awona maxesha ayebalulekile mabini: Imini no Busuku.

Imini yaziwe ukuba yimini ngenxeni yokukànya ne langa. Ubusuku baziwe ngokuba busuku ngenxeni yokutshona kwelanga kusuke kube mnyama kuti tsu. Inyanga ibike incedise ukukànya ngamaxesha atile kuba ingumafa-evuka.

Ibiluvuyo ukubona lamaxesha mabini ebolekisana ngezitùba kakuhle engabangi; kodwa ngamanye amaxesha ubusuku bebuke bulibange ixesha labo liwuhlabile kanobom ilanga umhlaba, libonwe ilanga litshona likumatafa esibàkabàka libuye libonwe lipùma libèkisa amabombò kulundi lwase ntshonalanga. Bekutiwa ukubizwa kwayo lonto "Sisimanga," ibingakòlisi ngakubakò kuba ukuhla kwayo ibikukwalatà "umhlola" ozakuvela ubuye uvakale msinya.

Imini no busuku ibingamaxesha awenza okokuba silibale okudluleyo ingqondo yetù siyibekele kwiziganeko ezilindeleke ukuhla, zisondezwa yimini no busuku.

Besisebenza ngexesha lasemini, sibeke pàntsi amacala emizimba ediniweyo ngexesha lase busuku, sipùpè sibonana nemikòlonjane, imfene, amacànti, otikoloshe, impundulu, nàbatàkati. Ekuvukeni kwetù

besiya sizibike ezizinto ekukade sizipûpà ebusuku, bekusiyiwa kulaulwa ezanuseni, zinuke abantu, babulawe abo kungenjalo badliwe imihlambi yabo yenkomo, nokugxotwà kubelapà.

Yiyo lento ibangele ukuba ubusuku obu boyikeke, umntu anganqweneli ukuba uhambò lwakè alwenze yedwa ngeloxesha.

Lento yasusela ema pùpèni yanga ngoku yinto ebakò kwakuhlwa, yada yendela into yokuba abatàkati ixesha labo lelase busuku.

Bekùla-nje abantwana bafundiswa lemfundo yada yabangena, kwaye kungekò gqira nelabupina ubunzulu elingakàuleza lifuduse lenkolo engqondweni yomntu.

Besi zinika amagama zonke inyanga zomnyaka kwa nenkwenkwezi ezongamileyo.

Kukuzo apò bekufundwa amaxesha amiselekileyo omnyaka.

Inyanga bezizisa zishenxise i-Ntlakohlaza, i-Hlobo, u-Kwindla, no-Busika.

Besipila ngobunzinyana obutlle, kodwa intlalo imyoli. Obona bunzinyana ibizintshaba. Besisondliwa kakuhle ukuze sityebe sikwazi ukulwa imfazwe singaxakeki, kwanamantombazana abesondliwa kakuhle alindiselwe ukwendiswa.

Nto ndisayikumbulayo bekusenziwa imitàyi, sisele, besiqala ekupùmeni kwalo lide litàmbèke sijongene nembiza zotywala, kodwa bekuti lingekatshoni sibuye sivutùlule ingubo zetù senjenjeya ukusinga ngama kaya, kuba sicinga nokutintelwa ngaba tàkati ezindleleni. Besifika abantwana sebepèmbile beraule iziko belutàna, oko kukuti, "Bedlala imidlalo yase Mpumalanga."

Ngexesha esilalayo besiqamela ngentonga, imikònto, namakàka etù. Abantwana nabafazi belala ngase ziko kude kuye ngase mbundwini pàya, tina madoda sivale iminyango ngentloko zetù.

Bekukùtshiswana ejadwini lokusina, amakàba abehombà entloko, entanyeni nasemzimbèni ngentsiba nezisila zendwe nojobela, namatshoba enkomo, imisila yenyamakazi nangesafikane. Bekupàtwà amakàka alungiselwe lomcimbi, ilizwe limoya mhle ukutàbatèla endalweni kude kupàtèlele emntwini. Bekusiti ukumka kwalo sicitàkale siye ngamakàya etù, kusale izihlobo ezise gazini ebezikòlisa ukusisa.

Bezixèlwa kaloku inkabi zenkomo kwakubakò isici esenziwayo, kugwadlwane nalenyama yazo imini nase busuku, kuselwe kuqùlwane, kuhlekwe, baguye abaguyayo, benganikwa tyala, kungekò nto ijongiweyo ityùlu ngapàndle kobumnandi belizwe.

Bekusaluswa kutònjiswa kuqùtywa indlela zamakàzi, ṙoqo.

Besinqula amatongo, into leyo ebitsho yabetà labukeka ilizwe nendalo ekulo. Umntu ofayo ebecelelwa intsikelelo kwiminyanya yakowabo, kutaṙuziswe ngc bòkwe nokuba kungenkabi yenkomo.

Bekusitl ukuba iminyanya ibuye ngetaṙu asinde lowo ubesifa, kodwa ukubà ixabene imyekelele afe. Ukufa yeyona nto ibisotùsa, bekusala nokuba umntu ukusipIna isiyolo, akuva umpànga, asuke awe, adangale, oyike, lento isuke ibaleke ize engqondweni yakè, imalatise okokuba naye ngomso wofa.

Ukufa besikoyika gqità bekunganyamezeleki ukuba umntu ahlale, alale apò isidumbù sikona, bekukàulezwa ukuba sifuduselwe kumzi waso, ekuyindlu yokugqibela kumntu ngamnye ofayo apà emhlabeni. Ebe lilelwa lowo usishiyileyo (ngapandle kokuba ibiyi-

nkunzi yomtàkati) ngentliziyo ezopàyo kungekò kuzola zisikekile intliziyo.

Eyona nto iyiyo akukò bani ubesazi apò abafi bayakona kanye kanye. Bekungekò namnye otàbatà inxamleko yokusityilela indawo eyiwa ngabafi. Ukufa bekusoyikwa ngendlela eyodwa; emva komcwàbo abantu bebeya bahlambe imizimba yabo, ukuze bangagoduki bencòlile, kuba babe fihla isidumbù into eyoyikwayo.

Into ebezisenziwa kwikàya lam lase-Mpumalanga andingezifezi ukuzibalisa apà nam kwatini.

Zininzi izinto ebezisenziwa, ezenze ukuba ikàya lam elo lixabiseke kum kunesixeko esakiwe ngamatye anqabileyo.

Inkomo zakowetù zazininzi umzi ubanzi.

Ngenyanga u-Pèzukomkòno aqala ngayo ukuvakala, bezizala kube lutùli, ngezimbini ezilandelayo amarwala abeya azikupè intlazane zibuye emini yakusasa. O, ewe zikò imazi ebezinxakama kamnandi.

Sipile impilo ende izinto zimi ngoluhlobo, imitètò igcinwe, yonke into epilisa uhlanga ihlonelwe.

Ngomnye umhla apà kwenziwa imitàyi, kwazizi yunguma zeziyolo, zaxèlwa inkabi zenkomo kwasinwa kwanje ngabatsha nabadala. Baselwa utywala bungenamlinganiselo, wabuhlanza lowa, bamcubùkisa lo, kwahlatyelwa ingoma ezingahlonelinto. Bekò kanobom abaqabe ucumse, bambi bezidyobe ngamafutà; kububu hakahaka bomzi omkùlu. Baye abafazi betè nqadalala bayame ngezindlu besidla amashiqa amadoda esenza inzwinini ngasebuhlanti pàya, kutyiwa inyama, iyojiwa, amakwenkwe ngawo lawo atsalisana ngo dakada no ndonci ezantsi kobuhlanti pàya.

Amantombàzana aseletė dlundlu ayasina entla komzi pàya kunye nabafana. Ingxolo igqitisile ngobukûlu, ngulowo nalowo uyapàkamisa ukutėtà kukwàzwa nje ngokungati kuleqwa inyamakazi; kuyaqûlwana lulutsha intetò yema nyumnyezi, ehambisa umzimba, imizimba ayambàtiswa kuyapi, kungenjalo ayikàtàlelwa konke luluntu jikelele.

Ukumka komhla bakuba abantu bezinxàlile ngento esiwa pàntsi kwempumlo, akwacwàyitisa noko nakobonelayo. Koliseka mlesi xa nditi yayingumgidi wokugqibela endawuyayo ndisekumhlaba wokuzalwa kwam.

Andizonwabisanga konke namhla ngeziyolo zezwe lakowetù. Ndiye nde ngcu pėzu kotàngwana lwamatye, ndajonga empumalanga esihlanjeni sengcongolo. Baninzi abati makube ndizakuhliwa sisifo esoyikekayo sogezo; ukuti kugcotywa ngoluhlobo ndibe mna ndibonakala ndiswele ucwàyito.

Ndasuka ndancuma ndati kubo, "Anditsho ukuba ingabakò lonto niyitėtàyo; kodwa sona isifo singahle sindize singesiso eso nisilaulayo." Batsho bona besiti noko andicwàyitile, ndati cwaka andazikatàza kakûlu ngentetò zabo. Ukumka kwelanga zibonakele inkomo zakowetù zivela ngalondlela inyuka kumgxobòzo wase sihlanjeni, kwimini yehlobo, ngenyanga yo-Mnga, kwaye umfana ozalusayo etė qeke pambili elilisa ugwali zimlandela, zikòkėlwe yimazi enkonekazi u-Zawela, imazi ebinxakama kamnandi ebingati yakutsho, abantu banqumame kwimisebenzi ababe kade beyipėtė, ke bayibeke nxamnye bapûlapûle. Kutė kusenjalo ndeva inkunzi yakowetù u-Ngobiya ikònya, kanti inxàmelene neya kwa-Mgudlwa, kulapò ndabonwa ndipàkama ndayitėtà ndati:—

"Viyo viyo viyo vi—yo!
Dad'elimnyama lemilambò.
Libonwe zizinja zika Mkûhlane,
Kutè zakulileqa lantywil'esizibeni ;
Nazo zantywila ziland'umkòndo,
Kwaduk'idada kwaduk'izinja—
Nanamhl'oku azikabonwa.
Wamangal'u-Mkûhlane lamlahl' ityala.

Viyo viyo viyo vi—yo!
Madoda ndibolekén'iqaqa ndikwèle ;
Kuba ndiswel' iqegu nge ndilikwèla,
Ndihambè nemizi yonke
Ndiyibikele ngenkunz'u-Ngobiya,
Inkunz'ecaba yase Mhlangeni,
Ekòny'igxotè inkungu
Ligabuke lonk'ilizwe ;
Kuvel'abahle nababi.
Kutyileke elentaba
Sibabuke bonk'abantu.
Nkunzi engakwaz'ukulwa,
Kub'igweb'ipinda-pinde.
Bafazi base Mhlangeni,
Ndini jonge ndanidela,
Izikàka nizonile,
Nizisike nazi dwenga—
Kanti sinayo nj'incibi,
Hayi niya capùkisa.
Maqaga ase nqulwini,
Ngobiya ka-Nqabayake,
Imbila mazifuduke—
Kuba sizicitisela.

Vi—yo, viyo viyo vi—i—i—i—yo!!
Ngu Ngobiya yedw'inkunzi
Eyakugweb'ibulale,
Izidunga dunge zonke,
Ezo zo-Mkûhlane nabanye ;
Kub'ingumkònto kwezinye,
Bona baze nqenekele,
Bashwamis'umkòsi ngazo.

Bashwamisa namakwenkwe—
Ngosuku alukayo.
Nkunz'enopondo kwezinye.
Elay'ilidlis'igazi
Elix'ezo-Mkuhlane—
Zizi dlisa iziduli.
Vi—i—i—yo—o—o—!!

Lento yokubongela inkunzi zakufunzelana ibingencikane, yinto ebitsho kulume entloko nakwi ndoda eseyikulile. Kute kanti nakweliya icala ziyabonwa; kuviwe ngomfana olunge kweza kwa-Mgudlwa selezibeka apa zonke inyamakazi esitsho esiti:

Rangaranga ngoku kuka xam,
Nkunz'egambu yase lwandle,
Yeyase kaya, yeyase lutshabeni.
Isiziba sezi zib'ezinzulu
Sitshonis'intlamb'ezidumileyo—
Neza ziwayo kwelase Mhlangeni;
Indubule ndiyive ngokukonya
Kwizadungan'ezingekude,
Ukukonya kway'okotusayo—
Ndikutate ngoku kwenkunzi yenyati.
Nkunzi ndin'engakwaz'ukukonya.
Kub'ikup'ilizwi ngomlomo,
Ikupe umtsheko ngasemva;
Isipule isiciti ngo pondo,
Isipose gama pambili paya.
Igqube ngomkono wayo,
Iyekufumb'entshekweni.
Inkunz'eqalisa ngesidul'ukulwa,
Ingekafik'esiqwini sotshaba.
Azi koba njanina yakufika?
Isibongobiyan'esingakwaz'ukulwa.
Sisunduza ngempandla singapituba
Sisunduze singabi seva kukalinyelwa.
Nkunz'eyazalwa ngo Tshaz'impunzi,
Kant'ezinye zizalwe ngeyo-Msintsi.
Umtshayel'emfazin'umval'endodeni,
Kub'umfaz'ongayitshayel'eyak'indlu—

Ngundabamlonyeni kulemizana ;
Kub'indod'ehlonip'umvalo—
Ipùlukwa nayileyo ye nqoma ;
Kube njalo'ukuvela kwamahlwempu.
Vi—i.i—yo—o—o—o ! !

Ivuso libekò kakùlu kubaboneli, kwatànda ukubakò udushe kuninzi olwalulapò ejadwini zakukònya ziscnjenje inkunzi nabafana bezibongela.

Abanye batè : " Ze ke nisikangelele kweya kwa-Mgudlwa," bambi bamangaliswa ukuba u-Ngobiya angade abe nenkunzi enokuma na pàmbi kwakè.

Ukuma kwazo bekunje : U-Ngobiya impondo zakè bezimi zatànda ukuyakuwa ngapàmbili, kwaye bekuxàleka akuqubisana nenye inkunzi. Eyakwa Mgudlwa ibiligambu elisiqengqe line siqu impandla itè shinyi buboya obupòtèneyo ngoku kwenkunzi ye nyati.

Indawo ezazi nxàmelene kuyo yayi litafa, kungekò litye namawa, ngapandle kweziduli ezazite sà ; nqwa nenkowane ezisukuba zimile esazingeni apò kwakè kwabetà izuiu.

Kutè kwakuba litùtyana elitile zigquba, zikònya, zafunzelana zingayaielwe bani. Ukutòbelana kwazo kutàbatè umzuzu ongangoku pànyaza kweliso. Unge umntu angavala amehlo ekuqubisaneni kwazo. Eyakwa Mgudlwa idudule yanga u-Ngobiya iyakumfongqoza isinqe, namatàmbò omqolo ashwaqeke. Lenkunzi ayimpànga tùba lokuxàtisa u-Ngobiya, ude we jaju unkabi ebubaleka, nayo ayamjoka kuyapi. Kutè besa kùza bonke, bevuya ababemele eyakwa Mgudlwa, suke wajika u-Ngobiya okalipè kunene ; kanti ngoku uze selecinge icebo lokuyilwa lenkunzi. Ugwebe zingekade ziqubisane ngempandla. Hayi ke nkosi yam, amanyala enyoka anqinwa ngabo bonke ababukeli, wagweba u-Ngobiya kwavakala ukuti " Mpo, mpo—mpo kopòndo,"

epâtâ kupâkamisa imiƙôno ejiwula itshoba pêzulu, waye eyinkunzi ebiketâ xa ibingatânga yakauleza ukupânjwa yenye. Lwasinga pêzulu utûli lwada lwanga lungazigubungela, azabonakala kakuhle. intlokoma yopôndo yenza utôtô yasibiza. Kobubutûba kuviwe ngo bo—o —o ! ! Kutê lakugabuka utûli, ababoneli kunye nam saya, sisihla kwintatyana esibesimi kuyo, sifike eyakwa Mgudlwa iqukulwe pântsi u-Ngobiya selemi pêzu kwayo; ugxotiwe, we jaju ukuma bucala, batê bakuyi gocagoca, bafumana ukuba ulufake kanye emsundulweni ebomini yapêla kwa oko.

Akuko nto yenziwayo ngapândle kokuba ihlinzwe, kuba ityala lali gqityiwe akakô owaye nokumangala kubanini nkunzi. Lento ibike yenziwe nazi nkosi zabantu. Bekusiti zakufunana ziye etâfeni ukuya kubôdlisana umsindo, kanti inyewe leyo seyifeziwe njalo akuyikubakô imangalayo; kaloku inkosi ezi zona zitêlekisa izinja zazo zodwa.

Yatûtwâ inyama yalenkunzi yasiwa ekaya enye yatyelwa etafeni apô, ilanga laliselitâmbêkile.

Zagoduswa inkomo ngabalusi ukuba kuyokusengwa. Bekusesikweni ukuba zigoduke ilanga lisongame kakûlu pêzu kwendulana zase ntshonalanga, ukuze kwezisengwayo kubonwe netye itâmbô lomntu.

## II.

Kukê kwati kaloku ngolunye usuku ndilele kweli kâya lam ekungekô nto lingenayo, ndafikelwa yinto esabu pûpâra yati: "Mandipume ndilishiye elikâya lam lase Mhlangeni ndofuna kâya limbi apô ndiyakufumana ukonwaba kwapâkade emva kobubom belilizwe;" kwaye ndibone ngati kuko abantwana ababini igama kutiwa ngabam ; omnye emi kulengalo yokunene

omnye kweyokòhlo, andandula ndivuke noko, kubuye kwatì kupi ndeva umoyana obupòla kanti seyikukupàpàma kwam oko.

Ndotùka kakubi, lwatètà lodwa uvalo lwam ngapàkati lwatsho lwati : Ndu ! ! ndu ! ! ndu ! ! Ndoyika namhla nokukè ndipùme ebusuku njalo, ndiyekucita njengoko, ibisisiqèlo sam kwimihla engapàmbili ; kuye kwangati ndizakuqubisana nabantwana abo bendibabona epùpèni.

Ngokusa andibanga nanto ndiyivelisela intanga zam, kwana bazali mayelana nelipùpà lam.

Ngawo lomhla intanga entsha ike yati masiye emgidini, siyekusela, sidle inyama sisine ingodwane, hayi ndiye andaqelisa konke; kute nakuba sendicengwa zintombi zakowetù ezilizwi bendikolisa ukuliva kwimihla engapàmbili ndabetà ngomoya omdala namhla andadibana nazo.

Kuvele ntyewana itile yati : " U-Gqobòka lo uhlalele ukutwasa nobuye nindibuze. Kuteni na ngati iko nje lento imrenyayo ngapàkati angade abonakale kucombuluka ? "

Kwalile ukuba bati sululu suke ndangena endlwini ndaqubula umnqayi wam, nebùnguza, umkonto, kwanogwali ndasinga apò inkomo zaluselwa ngakona, ndilandelwa yinja ka bawomkulu u-Hlekemzini. Ndihambè ngemitsi, ndabehle ndazifumana xa ziqalayo ukukweza isihlambo, ikàba elingabalusi lixòbe lagqiba; kuba kaloku intshaba ezi bezike zifike ngebaqo zizokutimba inkomo kubalusi emmangweni pàya.

Olu ibilusuku oluzuke kunene, ilanga ekupùmeni kwalo amagqala ake alibona lidlala. atsho futi ati, " Yinto yalo ngalonyanga yo-Mnga ngazo zonke izilimela ngakumbi emva kwentsuku ezimbalwa lisandul' u-

kungena endlwini." Bekukòlisa ukuti nendalo ngalomhla icwàyite, kwa namaramuco asendle angabi namsindo, abesuke anyauke akubona umntu. Ibiyinkohlamntu ukuba ngaba lomqondiso upùmapina, uzekelisa ntonina?

Kutè imità yelanga yakuba ingenakunyamezeleka nde vu pàntsi etùnzini lomti omkùlu ndashukumisa ugwali lwam, ndalubetà ndenza isitùkutèzi, inkomo zalusezela zada zatànda ukuzakubutàna ngentloko kulowomti. Sihlile, ndite qeke pàmbili ziye kusela kumgxobozo omanzi ayolileyo, zaxapà udaka ngemilomo, ngemikòno nemilenze.

Zitè zakukòlisa zapùma zawushiya umgxobòzo amatùnzi sele singe empumalanga, zenyuka sezingasabunqweneli kakùlu utyani. Kutè ngexesha ezigaleleka ngalo enkundleni wavakala u-Zawela enxakama watsho ndagungqa ndada ndanga ndingazipàtà ngenkopè inyembezi.

Kobubutùba ndive ilizwi linkenteza kubonakala ukuba liqùtywa ngamandla, alisapùmi lipòlile, kutè ndakupòsa amehlo kubuhlanti bamatòle nanko ubawo omkulu ka bawo ujonge u-Zawela, sele bambelele emsimelelweni wakè, uyavibonga lemazi, sendizilibele nge ndikupindela zona. Yatsho lengwevu kwanga kumhla ndiqalayo ukuyibona. Ndiye ndapòtùla izandla, ndandul'ukusenga; kutè xa litshonayo ndawakètà amatòle, ndavala ebuhlanti benkomo kwangokunjalo nako bamatòle, bendingekayi endlwini ekufikeni kuka bawomkùlu no makùlu ukuvela emgidini. Akubanga tùba lide befikile kwabuye kwafika ubawo no ma nabanye; abaninzi ingabaseleyo. Ixègo elingubawomkùlu ke labuza ukuba impahla ehambayo iyonke na, kutè ndakuti iyonke alabi nazwi limbi. Ngu kòkò

yedwa kwabasebekulile owayesele kaya nabantwana; umzi lowo wauno mgidi waunge kude kuyapi kowakowetù.

Emva kokudla kwangokuhlwa siye kulala sikunye nabalusi, bebetànda ukuya emgidini ngoncwàlazi koko ubushushu bemini bezisa ukudinwa nobutòngo. Kuye kwakanyiswa ngentsasa ebezitèzwe ngamantombazana akowetù ngezolo.

Sitė xa siti yoyi seleke arona amakwenkwe la ndikunye nawo, wagaleleka u-Banjiwe wakuwo umzi lo wakowetù, uze ehlabela, izinja zike zamkonkotà kodwa azasa pàmbili zakuba ziliqondile izwi lakė.

Ufike watyàla ucango ebesivale ngalo, lolu lwenziwa ngobuka kwaqàuka imityana ebesibopėlele ngayo. Nditė ndakuti: Wenzani Banjiwe? Usuke wanam ndayekelela, uye wakàulezisa esiti amakwènkwe makavuke apėmbė umlilo, aye atòbela awupèmba, akatànga tu uyanditùka, pòfu ebengemi pàmbi kwam ngentonga nomji, nale imenzayo namhla kukuba ehluti, ingqondo yendalo isamshiye kule yotywala. Utė makahlabele amakwènkwe ingoma yakė abeyitànda kakùlu akuba kwesisimo, ange angamangala, utùle uswazi bupùtù pùtù entungo esiti uyawabetà ukuba akamkàulezeli.

Uyitė jwi pàva ingubo yakė yenkomo, akenzanga mzuzu aye eqwaba izandla, waza kaloku wavakala yena esiti:

> "Wena kwedini!!
> Nqand'inkom'ezo.
> Zingadibani nezabe-Sutu.
> Ezabe-Sutu zine sidiya.
> Andinant'ap'ubalekile (umfana wazo)
> Andinant'ap'ubalekile."

I—i—i—i—i—i! Into—n—n—na yona!! usuke walubityo u-Banjiwe inqulu zapàndle, kuba noko ubengemntu uke atyebe kakuhle njengabanye.

Sasuka sepùhlu isisu sanga siyamsinda, imbàmbò zacaca, ngelakė wayeba ulinga ukutyityimbà akwavuma, kwabonakala ukuba umfo io liqatàlala kwapėla, lento ayimlungeli, kodwa kutė kuba uziselele akaqonda msinya ukuba ufumane exàmla abantwana ngokubavusela into engekòyo, kutė akudinwa walala ubutòngo. Nam ndibehle ndafikwa bubutòngo ndalala. Elapùpà lindihle ngezolo libuye lafika kum, lafika lindikàtàza kakùlu. Izwi namhla litėtė ngokucacileyo lixube nokuxėsha lisitsho lisiti: "Puma, puma, ungade uhlelwe sisihelegu esikòlisa ukuhlela amapikankani," litė litėtà ilizwi kwabe kukò izitùnzana ezibini zindipàhlile zacaca namhla kwinto ezibezike zavela ziyiyo ngosuku lwangapàmbili. Lihambise lati: " Uyababona na ababantwana babini? Kupėla kwabantu abaya kukupėlekezelela ekupùmeni kwakò e-Mhlangeni ude uye kwindawo endiya kukubonisa yona."

Elipùpà linditàbatė ubusuku bonke, kute ekuvukeni kwam, ndaka ndazincama ngokuti ndibikele ubawo ngalo, nokuti seli ntsuku mbini—ntatu lingandilalisi. Ixėgo elingubawo live leva, lagqiba ngokuti ndibulewe, kungenjalo ndiyatwasa. Uhlanganise amadoda watyumba u-Banjiwe esiti makakàuleze apùtùme igqira ezenalo apà ekàya.

Ukàuleze wagqwetà ingubo yakė umfo omkùlu watàbatà ikàka, umkònto, nentonga nje ngesiqėlo nguye lowo esinga ngasentla.

Ngexesha angekòyo ndimxelele ubawo ndati : " Elipùpà asililo elinganyangwa ngamagqira azizazi ase-Mhlangeni." Usuke wati manditi tu intloko yam ipàmbėne, bandipėtė, bonke abafikayo apò kowetù bandibona batė ndiyatwàsa.

Kutė kungekabi mzuzu-mde endulukile u-Banjiwe, sabona efika ekunve nesanuse, ekò omnye umntu osipėlekezelelayo nditi fanukuba yayi lihlakani laso. Besike sanga singamangala, sisiti akukòna esikweni ukuba sibe siso esiya emntwini ofayo.

Ekubeni ndihlanganise ingcinga zam, ndaqonda okokuba ndiyakutėtėlwa ngento egama kum. Size ngokuhlonela ubawo nomzi lowo.

Baye bahlanganiswa abantu ekufikeni kwaso, intlangano ibe ngasebuhlanti, pàya.

Eligqira lize seli hombė kade. Isidlokolo sase nziwe ngentsiba zentaka ezazi bulawa apò e-Mhlangeni, inyongo ziliqela entloko, impondo zendlovu, neze zinye inyamakazi zazenziwe umngqi entanyeni ligqazile ngengqotò zezikùmba zenkomo nebòkwe. Ezimpondo zazizaliswe ngamayeza angafaniyo.

Ukuqala kwalo ukusebenza ilanga laliselizinike umva kakùlu intatyana zangase lwandle.

Kumenywe bonke abaqėle ukuvumisa, kuba umntu ongakwaziyo akange cànani kakuhle nezimvo zalo. Like latsiba ligqakadula lipėtė umkònto nekàka ngesokòhlo, ilitshoba elimhlopė kwesokunene, litshilo lati : " Vumani ! ! Vumani ! ! Vumani ! ! "

Impendulo equtywa nokuqwàba izandla iye yavakala kubo abavumisi isiti, " Siyavuma."

" Vumani ! ! " " Siyavuma."
" Vumani ! ! " " Siyavuma."
" Nindibizel'umhlola ! ! ! " " Siyavuma."
" Ukwint'ehambayo ! " " Siyavuma."
" Yinkomo kusini ? " " Zaya kancinan'izandla "
" Yimbuzi yintoni ? " " Zaya kancinan'izandla "
" Yenyawo mbini kusini ? " " Siyavuma."
" Ngumfazi, yintonina betu ? " " Kwati ndzwanga "
" Yindoda kusini ? " " Siyavuma "
" Lixego ! " " Zaya kancinane."

"Ngumfana!" "Siyavuma."
"Ngowasekay'apa!" "Siyavuma."
"Ubulawa yini?" "Asazi."
"Ubulewe!!" "Siyavuma."
"Ubulewe ngumntu!!" "Siyavuma."
"Upup'ebon'umntu!!" "Zaya kancinane."
"Upup'ebon'abantu!!" "Siyavuma."
"Abantu ababini!" "Siyavuma."
"Batunyelw'ukuba bambulale!" "Siyavuma."
"Bambulal'intliziyo!!" "Siyavuma."
"Ukuz'abesisibâdubâdu!!" "Siyavuma."
"Abakude kuyapi!" "Siyavuma."
"Bako kuwo lomzi!" "Siyavuma."
"Ngamadoda mabini!" "Siyavuma! Siyavuma!!"

Akubangakò nto iranelwevo esanuseni, ubawo utè masesisenza silungise amayeza, nama hlamvu sindiqapûle. Sitè lowo umsebenzi awulunge kuso, kuno kuyiwa ku Nantsi, nguye ongamsizayo lomfana.

Eli lihlaulwe nge mbuzi emnyama eliduna yayi zitè bû impondo.

Akucitwanga xesha, kukâulezizwe umntu wokuya kwelo licishwe sisanuse.

Nalo lize ngesiqu, lifike lisiti malincedwe ngemvu emnyama, layinikwa layixèla, lakètâ elikwaziyo laxuba nemiciza yalo.

Into yokuqala, lindibizile ndeza kulo landiqapûla ebunzi linge lingawagqiba onke amalungu omzimba liquba lisenjenjalo ukundisebenza, lipâtè kundiqaba ngemisizi yalo, limana ukutètâ futi lisiti kungona ize ndinga ngenwa bubuti bababulali.

Amanqatâ enyama ezitile alemvu aye axutywa neminye imisizi. kwafunwa izikònkwane zabetèlwa kwajikelezwa umzi ngocoloti; kanye ngelixesha abantu sebetânda ukubuyela ezindlwini ukuze bangaboneli.

Linike ubawo yezana litile lisiti ukulibiza—" Yimbiza." Liyaleze ukuba maze kuye kuzekwa amanzi emtònjeni ngo ncwàlazi ngumfana ongekatòmbi. Ekuyeni nase kubuyeni kwakė maze angalingi ukukangela ngasemva. Liyakupėkwa lide libile amane ukulisela ngamaxesha abekelwe lona lide lipėle. Eli lona liye layityatà inyama yalomvu lagoduka nayo ukuya kutya nosapò lwalo, ekubeni lishiye izibilini nomkòno apà ekaya.

Ubawo ubonakele ecwàyita ekululeka emva kwale migudu ayenzileyo ukundifunela osiyazi bokundixilonga banditvilele nepùpà lam, benze nezinye izitintelo ukuze ukufa kunganabi. Ukuqatshulwa oku asinto bendiyitànda, ndiyekelele ngabom ndisoyika ubawo ndikwa mhlonele.

Kutė ekutshoneni kwelanga emva kokulungiswa komzi lapėkwa iyeza lada labila ndeva ubawo selesiti, " Gqobòka yiza uzekusela iyeza."

Ndahlala ndati tu ngabom ndanga andiva andasabela, usuke wahambà apà ngumsindo, ndaqonda nam ukuba lenkosi iyakundidla luhlaza ; ndiye sendigitshima, ndati kuye bendingevanga. Ndalisela yonke imihla nje ngomyalelo we gqira lada lapėla.

Nantsi into mlesi: Ndamangaliswa ukuba ubawo ade afune amagqira ngalento yayindi ngenile, ndoyika ukumtintela ndaqonda ukuba indoda enkulu iyakunyuka nam.

Nakuba ndamlulamelayo ubawo ngokuti roqo ndilisele iyeza elo, lonto ayidalanga nguqulo intsha ekunqumamiseni ipùpà elabe lindize nzima. Kutė yakupėla leyo imbiza kwafunwa enye, kodwa nakuleyo akubangakò lutò lutsitsayo, kutė xa ubawo wayesele zakuncama kwavela batile bati : " Ingabi lomfana uya-

twàsa." Aba batànde ukwayama entweni, kodwa okukutwàsa babe tètà kona kokwase Mhlangeni, mna ndafumana ukuba kokwelizwe elizayo, yapàndle into yokuba okukutwàsa kwam akuyi kuwalungela onke amagqira ase Mhlangeni, ubawo wayekelela esiti kobuye kucace xa ngaba ndingenwe sisifo sokutwàsa; kutè engekade alumke ukundifunela igqira lokundisebenza, ndapèza ukubuye ndimazise into engelipùpà.

Ngomnye umhl'apà ndake ndane ngxoxo exabisekileyo noyise kabawomkùlu ixègo ebililona lisapilayo kwintanga zalo. Lengwevu ibikòlisa ngokuti lakuti futù ilanga ibonwe isinga ngase buhlanti pàya igcakamele, ibingasakwazi ukuhambà ngenyawo ngenxeni yokusindwa yimihla.

Ibingabonwa itàbatà umsimelelo wayo owauqingqwe ngobunono zincibi zoko ibambèlele kuwo ibugaqa ibutshetsha njalo ide ifike ecaleni lobuhlanti kwindawana esitileyo eyalungiswa ngubawomkùlu.

Ndicinga ukuba ngalomhla ndine ngxoxo nayo kwaku ngekò ukòyo kwabadala useleyo ekàya, ngapandle kwabantwana namantombazana, kwakuyiwe emgidini kwa Mpukane. Amantombazana ake ayizisela ukutya, ubisi kuba akukò kutya yayikutya ngapàndle kwalo. Kutè kuba kungekò uyincedisayo yandim namhla oyisizayo lengwevu; ide yagqiba ndisenza lomabl ci. Ukutètà, ukuva, nokubona ibisenazo zonke ezozinto.

Bezikò izinto ebe zisoloko ziyingxaki kum; kungekò ngcali ndiyaziyo ibinoku ndipengululela zona, elipùpà lam longezelele umnqweno wokuba ndide ndike ndiyibuze lento. Ndicinge ukuba ubawomkùlu ka bawo nguyena mntu usenoku ndicùkushela andikupè ecimini.

Umbuzo wam wokuqala ube ngulo ku kòkò. "Ngubani owenze wena nam?"
*U-koko:* "Awu Gqoboka!! Undibuzani?" "Havi kòkò ndifuna ukwazi."
*U-koko:* Ukuze xa wazile wenze ntoni?" "Ndingenzi luto."
*U-koko:* "Andazi ukuba senziwe ngubanina yiyona nyani epeleleyo nendiyaziyo mina."

"Umntu uyazalwa evela ngapàkati komnye umntu, simbone selesike wafana nabo bonke abanye abantu, ahleke, atètè, ahambe, atye, endingaziyo ukuba lo unegunya lokwenza umntu enze ezizinto ngubanina?" Amadoda amadala nangamagqala kukade eyisompa lendawo, kodwa angade afike endaweni ekòlisayo; kungako oko ova ndisitl nje lento ayinabani kwatini ongavicombùlulayo.

Pòfu yintoni ebangela ukuba kuti umntu akuhliwa sisifo, kubuyiswe ibòkwe ibanjwe iveliswe emnyango kulondlu inofayo, ibongwe ngulowo ukwaziyo ecela umnyanya wakowabo ukuba upàkamise lowo ufayo?
*U-koko:* "Lento yomnyanya iko yeyona nto kanye sikolwayo ukuba umntu ofileyo usatètà nosapò lwakowabo nakuba ungongekoyo."

"Atètè epl efile nje, waza wabuya washenxiswa nakwi ntlalo yaba pilileyo?"
*U-koko:* "Uye atètè, kodwa ilizwi lakè alisaviwa isandi salo, sesisuke sibone ngezenzo kwakusingiswa izitaruziso zetù kuye."

"Niyenzelani into yokuti mhla nincwàba ofileyo, nifake intanga zamapùzi, namazimbà, niti aze aniseze namanzi nakuba nilundwendwe kwelo aya kulo?"
*U-koko:* "Sikòlelwe okokuba abafayo baya pila kwelozwe baya kulo, bayalima kungako oko esibanika

imbèwu nje sibayaleza nokuba baze basinike amanzi sakufika sinxaniwe kwelo."

"Ewe ndiyeva kòkò kuba soloko ndabakò apa e-Mhlangeni kuqùtywa ngalendlela uyitètàyo."

Kàutsho kambe kòkò· "Ngubani owenze umhlaba, intaba, induli, imilambo, incà, intaka, inyamakazi, isibàkabàka, ilanga, inyanga, inkwenkwezi, izilimela, umoya, ilwandle, nayo yonke enye indalo endingayikankanyanga apa?"

*U-koko:* "Ndeva ubawomkulu esiti, ezizinto zenziwa ngu-Nkulunkulu." "Yintoni ke leyo?"

*U-koko:* "Hayi, nam andimazi, kodwa kuko abati wayeke walilitye, bambi bati uhlala emiqolombeni bade bati nguye lo uke ashukumise ingcongolo esihlanjeni ngamandla o-Moya Wakè, pofu kuko abada baka bapùma ipùlo baya kumzingela kulo miqolomba nakanye ukuba bambàqe, bancama bagqiba ngelokuba akukò Nkulunkulu pòfu ukutètà ngaye akupèli. Tina besinga kòlwayo sakuwubona umzi wakè upèla nezindlu zakè, onyana nentombi zakè, nentlanti zizele zinkabi zenkomo ezilupòndo lomileyo zodwa, kodwa ke akuko nanye efana nale ikankanyiweyo ngentla apa."

Kodwa kuko intsomi endala eti, kwake kwako i-Zim elikulu elaginya abantu belizwe lonke lipèla kwasala umfazi wamnye selekùlelwe, wamzala umntwana wakè wamazibulo eyinkwenkwe utè akuti dlundlu watànda ukuyakubulala elo-Zim.

Ngelifutshane walibulala utè xa atì uyali qàqà umkònto wahlaba emntwini kwavakala izwi ngapakati lisiti, "Uhlaba mna," ube kuwurola ahlabe kwenye indawo livakale ilizwi, "Uyandihlaba." Ngoku akabanga sakàtàla, uye wanyamezela waliqàqà suke kwapùma into eninzi yabantu bepila.

Abanye kwakubo aba basindisiweyo bamtiya lomfana, bade bapâtèlela ekumbulaleni ngezandla. Intsomi le iti, "Lowo nyana waye lunge ku Nkulunkulu," kodwa abanye baya yipikisa into yolohlobo kuba besiti: "U-Nkulunkulu waye ngenamzi, engekò, nesiduko sakè singa zanga savakala kutètwà ngaso nase Mhlangeni."

Yintsomi endala le seyibunkungu, andingeqinisekisi nokuba lowo nyana waye lunge kulo ndoda yayi tèlekelelwa ukutiwa ihlala emiqolombeni.

"Mh. . . . . . Ngati indlebe zam ziyavuleka ngoku kòkò." "Ilanga, inyanga, nenkwenkwezi zihamba njani esibàkabàkeni, zibanjwe yintoni ukuba zingawi zingapantsi kwaso nje?"

*Ukoko:* "Nam leyo andingeyazi kwatini."

"Nje ngokuba ilanga eli silibona yonke imihla livela empumalanga e-Mhlangeni live kusitela kwinduli zase ntshonalanga, ubusuku obu bonke sukuba lihleli pi?"

*Ukoko:* Uke wenqumama, kutè kupi wavakala esiti, "Litshona pàntsi komhlaba lihambè njengoko lenzayo esibàkabàkeni libuye liyokuvela ngendlela yase Mhlangeni."

"Imilambò le yona yelela pi?"

*Ukoko:* "Yini kaloku! Yelela ezilwandleni."

"Kutèni zingade-ke zizale zipùpùme, kuba nemvula ezininzi zike zine, izale imilambò, lamanzi onke asinge ezilwandleni?"

*Ukoko:* "Nakum lonto iseyi ngxaki nje eyodwa."

"Ukuze nizekuwa e-Mhlangeni apà, nanivelapi, nisunduzwa yintoni kwelo?"

Kobubutùba ndibone indoda endala isukuma suke yawa kuba imilenze nezitò zayo bezi ngasomelelanga, itàbatè umsimelelo wayo yabambèlela kuwo yacòpà

yaza yajonga empumalanga, ndabona seyintywizisa inyembézi, ibuye izisula. Kwavakala xa itétá yodwa isiti: "Lomntana undibuza ntoni ngoku? Wenzani ukunditúnuka inxeba?"

Ivakele ingwevu yase Ntla itinta futi isikóhlela, kuba noko ngenxeni yokwalupála ibikólisa ngoku ginya into eninzi yamazwi kunye namatė; ingcambu zolwimi zazise zishiywe ngamandla azo. Ebudodaneni bayo yayi yenye yembóngi ezipámbili kwinkundla zakowayo, yatsho yati:

*"IMFUDUKO."*

(1) "Sinjenjenje siluhlanga sivela le
Sipúm'entla eli silimiyo,
Asingeyalat'indlel'eseza ngayo—
Kub'inqants'intab'ityútyė namahlati;
Umzi lowo sesi wulibele sonke,
  Indaw'owawumi kuyo.
  Ap'ú-Ntu wayemi kóna,
  Nesizwan'esasi mkónza.

(2) Salungis'umpákó nezi xóbo zetú.
Safuduka nje ngezizwe zonke.
Sanduluka sishishing'inkomo zetú.
Sake sapuml'emtúnzini womt'ómkúlu,
Saxóma kuma seb'aw'ingubo zetú—
  Amagubu kwane ngwali.
  Badlal'icekw'abantwana,
  Bengazi nto ngemfuduko.

(3) Kwati yakubet'impepó yase mini,
Sabon'amagaty'emit'ehéxa.
Salila sakukúmbula umzi ka Ntu.
Sahumzela sada sacing'ukujika;
Ikakúlu sasi kúmbúi'abobantu—
  Esaba shiy'enxuweni.
  Kwelozwe lihle kunene,
  Lendyebo nezinto zonke.

(4) Sacotôza kakuhl'ukuza nganeno,
Sahlangana nama ramnco,
Aling'ukusiqwenga noko sasinda.
Inkumbûlo yetû yayinye kupèla.
Sawel'imilambo sawel'izihlambò—
Sapèlelwa zizambâtò,
Sada sambât'inkondlwane,
Sagalelek'e-Mhlangeni.

(5) Memezani bonk'abantu namaxègo,
Kè sidiban' etafeni pâya ;
Kune ngom'esiza nazo kwelase Ntla,
Ezimbini zibalisa ngomzi ka Ntu,
Inye kupèl'eyohlanga lwase mzini.
Siyakuzi vuma sonke—
Siwenjenje amabombò—
Sikângel'empumalanga."

Utè u kòkò akugqiba ukuwatètâ lamazwi wavakala elila kakulu, lwaza usizi lwakè lwandisinda nam, ndaza ndajikela ezantsi kobuhlanti ndaziti jwi pântsi ndaziggquma ngengubo yam ndalila ; kuba ndandingazi ngapâmbili ubunzima obatwâlwayo ngo kòkò ukuza kwabo e-Mhlangeni ndide ndibe ndibuva ngolusuku.

Emva kwale ncoko nendoda enkulu ndiye ndasinga endlwini. Kumhla ndaqala ukuqonda ukuba akukabikò nto ndiyaziyo, kungekò bani onolutò alwaziyo apa e-Mhlangeni, sihleli pântsi kwelifu elinzima lobumnyama noku ngacingi, ingqondo ingqingiwe ayinabanga ingafumanisi natûba lokucinga izinto ezinzulu. Ndike ndazikisa nzulu ndisetyisa incoko le bendike ndanayo nexègo lakowetû. Kube lula kum ngoku ukuba ndilishiye ikaya lam ndipûme ndisinge apò ndiyalelwa kona lipûpâ.

Ndike ndandulula inkwenkwana yakowetû ebisoloko ilapâ ekâya ndisiti mayike iye kumzi ozindlwana zimi ezantsi kwentatyana eyongamele umlanjana owelela

kwelo dobo lengcongolo, yazise intombi u-Nozizwe ukuba kusile ngomso kuyakutetwa ngokutiwa ndilishiyile elase-Mhlangeni ndiye kwa Ntliziyo—Ndise.

Lentombi ibinje ukwakiwa kwayo: Ibisukile kanobom egadeni, yada yanga ingaputuma ingxibàkazi ezizizo. Intloko ibiligaqana elibumbèkileyo, inwele bezisikeke kakuhle ukutàbatèla pàmbi kwendlebe ziz'ezo ziti xa zoko ngamela ibunzi zibuye ziroxe zilushiye lutè qeke olwempunzi; zingezizo ingqanqasana ezi sikolisa ukuzibona ku-Batwà, zona zazishinyene, ubuso bupàndla bulilanga. Impumlo nomlomo bezingumbono, ubunge diuli ungakange utyebise iliso lakò. Amehlo abelingene emhlopè ebiza. Itàmbò layo belifanelekile ukutabatela elunyaweni kude kuse entloko.

Izidengana ezingqondo inganabe kuyapi zazingatànda ukuhiliza zakumfaka ezintliziyweni zazo. Sasiqèlene kambe nalomntana, ezidlula inzwakazi ebezikò kwelo.

Bekuti ndakumcinga nokuba ndipi ndibonakale ndipèlelwa ngamandla, ize emva koko ndingazazi apò ndikòna. Ukumkùmbùla kwam ebusuku okanye emini bekufana nokuti tà kwelanga kwezo ndulana zimi ngaselwandle, kuti nokuba akakò pàmbi kwam kodwa ndisoloko ndipàndlwe yimità eshushu yotàndo.

Beliya litwase ihlobo (i-Ntlokohlaza) ziqingqitè inyanga ibuye imke, sifumane ihlobo, ziqingqitè inyanga libuye limke, sibulisane nokwindla nabo bubuye busishiye sodwa, kufike imini zosizi eziza ne qabaka, ikèpu, ingqele, nemimoya evutùzayo evela kwizibàkabàkazangasentshonalanga. Ezinguqunguqu zimiselekileyo kumaxesha omnyaka zibekò, kodwa

inkumbûlo yam ayizanga yaguquka mhlaumbi yanqamka, yenza intambò yanye kuwo onke lomaxesha omnyaka ayepân' izitûba.

Lenkwenkwana yaya yafika yabikela u-Nozizwe umyalezo wam.

Ibuye indixelela okokuba ubuzile apo ndiya kòna wabe enelizwi alitètâyo eliti: "Ndidl' indaba andika mtyileli eyona nyaniso."

Obawo abadange babuye ejadwini ngalomhla, nam ndatsho ndati itûba namhla liyakundilungela. Kwalalwa kutè kusasa ndacela enye yama ntombazana ndisiti mayindenzele utshongo; yamgcada umbòna elibinzana elinobom.

Ibikò inxòwana ka kòkò eyayenziwe ngesikûmba senkonyana abengasayi sebenzisi, nangeloxa waye sengumntu waye yisebenzisa ekufakeni imbèwu ngemini asukuba eyekulima emasimini; ukwalupâla kwakè kumbetè wasisigogo esingenaluncedo, kwati into ebezisakuba lusizo kuye ngemihla yobutsha bakè, zafumana ngoku zayi mpahla nje egciniweyo. Ndayicela lenxòwana wandikûlulela yona kuba esiti ayisenamsebenzi, kanti ndiyicingela imicimbi yam.

Abantwana aba kwana lankwenkwana beke ndayitûma babuzile ukuba utshongo olu lusilwa nje ndiya ngapina. Ndati, "Ndizakunambèla kwa malume," hayi, ababi sabuza mibuzo mininzi, kodwa mna kweyam intliziyo ndisazi apò ndiya kòna.

Ndahlanganisa yonke into elunge kum enje ngale: Ingubo yenkomo elungileyo esentsha, ikâka, imikònto emibini, imbâdada, nebûnguza elisindwa yintloko, ndiye ndazigcoba izixòbo zam ngonwali ukuze zingakâulezi ukungenwa yimvula. Olwa tshongo

ndalugalela kulanxòwana ndayinikwa ngu kòkò ndafaka kwanenyama yembùzi.

Ndakuba ndikufezile oku ndisinge ngase buhlanti ndiyekutàbatà intsikelelo kwindoda endala.

Umkòndo wam ndiwudukise ngokuti ndiya kwa malume.

Ndiye ndatyatà inxòwana yam egalelwe utshongo, ndatàbatà ikàka, imikònto, imbàdada nebùnguza lam:

U-Gcin'amazw'amabi.
U-Sibulal'umntu ngentloko,
Kulil'abantwana na bafazi.

Ndati ndakujonga ukòkò namantombazana awayesoloko endikàngele eburora ekwalusizi ndalila inyembezi sendijonge kwicala endizakusinga kulo, yapàndle into yokuba ndingati ndiwakàngele ndingabi salu hambà uhambò lwam ngenxeni yoku gutyangelwa lusizi notàndo.

Ndawushiya kambè umzi wakowetù ndiwushiya intliziyo izele ligwebu, umva ndedwa ndiwutwèle nje ngendoda ndashiya ndinga ndinge shiyi.

Kumhlaba wokuzalwa kwam.
Kumancwàba enkosi zam.

Ndibone ililungelo into yokuba mandike ndiye kudlula kokwabo bo-Nozizwe, ndimbulise, aqonde okokuba ndandinyanisile okuya ndatùmelayo inkwenkwana yakowetù kuye. Ndifike ndavela pèzu kwesiwana eso singentla komzana wakowabo ndaza ndahlala pàntsi; kutè emva kwexeshana wapùma endlwini wahambàhambà ebaleni pàya, utè akuwapòsa entla komzi amehlo wandibona. Ndammemeza ndati: "Sala kakuhle, ndiyemka ungasokuze ubuye undibone apà e-Mhlangeni unapakade kanapakade."

Wazitwàla entloko izandla wasitsho esofelweyo, nam andibanga nakuzibambà ndeva sendizipètè ngenkopè, ndaqonda ukuba ndimshiya nyani nyani.

Pàkati kwezo nyembezi ndavuma ingoma yombuliso ndingasatàndi ukuba ndibuye ndimbambè ngesandla, ndaqonda okokuba kungenzeka into yokuba ndingabisahamba; ndatsho ndati:—

*U-NOZIZWE.*

(1) "Kumhlatyana wako wetù,
Kumz'osezi ntatyaneni
Pantsi kwesiwan'esihle,
Esongamel'e-Mhlangeni
Kum'izindlu ezintatù;
Zikàngel'empumalanga.
Zintle ziya bukwa
Ngabo bonk'abantu.
Hm—hm—hm.

(2) Kulomzan'uxeliweyo
Inzwakaz'ihlala kuwo,
Nditètà wena Nozizwe.
Bancokola bekuncoma,
Kubalis'abatsha kanye
Kwalekele namaxègo.
Batsho bonke bati:
Uyakangeleka.
Hm—hm—hm.

(3) Kwintatyana zako wetù,
Nendulan'endizaziyo,
Ezipàhlwe ngamahlati.
Kwimitòmb'èncencezayo,
Nemilamb'èngcwengileyo,
Kè ndizula zule kòna,
Ndive ndino sizi
Ndakucinga ngawe.
Hm—hm—hm.

(4) Libukeka nj'ilizw'eli,
Libukeka ngenxa yakò
Bendonwabile nje apà,

Bendonwabe ngenxa yakò ;
Namhla ndiyakupùluka,
Ndiya kwa Ntliziyo—Ndise.
  Sala wetù sala.
  Sala Nozizwana.
  Hm—hm—hm."

Emva kwalengoma yam ndibone iyimfanelo ukuba ndilinikele umva izwe lokuzalwa kwam ndancama yonke into yakòna, ndashiya ndinga ndingeshiyi, iziyolo ezingenasipèlo obawo, oma, abakùluwa, abaninawa, odade, izihlobo, ontanga no-Nozizwe yena ncakasana.

# ISAHLUKO II.

## Ukunduluka E-Mhlangeni.

Ngalo olusuku ndikubalisela lembàlana andiseni kwatini, nawe ungahle unqine ngemibimbi le uyibonayo, uqonde okokuba imihla yam ifudukile nakuba ngentsuku zam ndandingumfo ozikòlayo isiqishimba sendodana, esineziqulubà.

Ke kaloku e-Mhlangeni apò ndanduluka ndixòbe ndagqiba andafana lutò. Esona sixòbo sam endandizingca ngaso kunazo zonke ezinye leli bùnguza lam ulibonayo.

Elimnyama ngasesipàtweni,
Elibomvu ngase kubetèni.

Ngeli bùnguza bendibulala into engenakubalwa. O! ewe nkos'am ibikukona kudla kwetù ukuhlasela ezinye izizwe.

Besilungiswa ligqira elifezekileyo lomkòsi zisegama intsuku zofunzo; zoti zifika sibe sesilolongeke kade, kungekò nto ibingabuye ibe ngumvalo. Yayilisiko letù ukufunza ngengoma kanti ekudibaneni kwayo koti cwaka uve izandi zamakàka zihlokoma; ipenuke indoda nje ngokungati ityibilikile ayiwiswa libùnguza. Besingumkòsi oqeqeshelwe ukukèta indawo esebomini, ngako oko ke ukungena kwetù elutshabeni ubungade wena ugqibe ngelokuba silwa ngemilingo wakubona ukugileka kwamadoda.

Inkosi yetù yayingendoda ifumane ikòhliseke. Bekukòlisa ngokuti ezitèbeni iviwe isoloko ibuza futi, ukuti unjani u-Nantsi lo xa seyiqubisene, uyangena. "Ewe nkosi," batsho ukuyipèndula, incume yodwa, ubone selesikelwa u-Nantsi lowo kwevuza amafutà kusitiwa ngumntu otànda ukuba inkosi yakè ingagxekeki.

Besitiywa amanye amagama, kodwa lento ikakùlu ibijonga ukalipò emfazweni.

Elakokwetù kwakusitiwa ndingu Ngqola, kutè ngokumana ndikòlwa msinya nakuyipina intshumayelo nokuba yindaba bati abadala ndifumane ndigqobòke kwasekusitiwa ndingu Gqobòka, lilo elemayo eli uiibonayo kulembàlana, kanti emfazweni bekusitiwa ndingu Sivutùza, kuba noko ke kòna ihlelo ebendingati ndime ngakulo belingevayo isandi sokuvutèla ngebùnguza lam ubone awase lutshabeni ehlengeka kusale kumi antliziyo zinyanisekileyo odwa, kanti ngesisenzo ndizenzela igama. Ndinduluke elixa inkosi yetù yavike yatètà yati isazakuke isindulule ngofunzo kwizizwana ezazimi gama kuti.

Ewe gxebe nkosi yam mandingene kwingcombòlo enditi fanukuba yoxabiseka kwabaninzi engehambò yam. Kaloku naku sendifahle ndagqiba akwabiko nto ndiyililelayo ngemva, ndazimisela ndagudisa ingqondo yam ukuze ingafumane incòliswe yinkunkuma yezwe. Kancikane nditè sululu ndabona ngati kusepùpèni amadoda amabini enye yiyo le ilinganise nam imi ngakwi ngalo yasekunene enye nayo seyizicishele icala lasekòhlo. Ndinge ndingacela koxòngo, ndabuya ndazi tiba kwamna ndisiti make ndiqale ndiwabuze ndive ati angobanina, esingapina ?

"Gxebe ke, kanitsho zinzwana zakomkùlu, ukuba ningobanina ? Nivelapi ? Nisingapina ?"

"Singo Kànyo no-Bumnyama.

Sinduluka kwingingqi zelase Mhlangeni, ukuba lapà kwetù sipùtumene nawe, siqondile singabikelwe bani, ukuba uyemka e-Mpumalanga ungabuyi unapàkade; ngako oko ke sizinyulele ukupèlekezelelana

nawe apò uqonde ukuya kòna. Singabakò, sivele lomhla wazalwa, asinako ukuya kwabanye abantu ngapàndle kokuba ude usikànyele.

"Niyazi apò ndiyakòna?"

"Asazi, kodwa singumtya netunga."

"Mna ndiya e-Mpelazwe."

"Apò uyakona siyaya nati."

"Onguyena Kànyo nguwupi kanye kanye?"

"Ngulo ungasekunene."

"U-Bumnyama?"

"Ngulo ungasekohlo."

U-Kànyo lo ebengumfo okàngelekayo inzwana yokuqala nokugqibela, kungekò nanye efana naye kwezase Mpumalanga; wayefanelekile igama lakė lamcàna into ayiyo.

U-Bumnyama ebelugxibà, ingxangula ngamazinyo, inwele zinde zipàya sisihlwità eside sagqola, wabufeza ubu Zim akwakalazeka nto. Akakàngeleki ngenxeni yobuso bakė obambetė uhanahaniso, ulunya, inzondo, umsindo, nolwimi oluhendayo, ndaqonda nam ukuba namhla ndipėkezelelwa sisigebenga sipėla.

Indlela yam ukunduluka ekàya isinge kwicala lase zantsi. Kutė ndisati sululu ndahle ndaqonda ukuba namhla ndiyakusezela moya wumbi wendulana namahlati elo ndinakane ukuya kulo.

Lomhla ndanduluka izulu linike isitėmbiso semini ezuke kunene. Inkungu yayiligubungele ilizwe kodwa yomile ingenzima; kwakuxa litwasayo, u-Pezukomkono selandulele kade ukuvusa abalimi, nenkomo seziwa lahlile amankonyana.

Nantsi into esendiyilibala: Ngalamhla ndiyokudlula kokwabo Nozizwe ndalala kwapàkati kwesizwe. Andihambànga tùba lide ngosuku lokuqala; kutė

kanye ekumkeni kwelanga ndafika ndabona ndawana itile kumatyòlo ebesisa kwalusela kuwo, entla lè kwentaba zela kowetù, ndagqiba ngelokuba ndilalise apò. Kuvele u-Bumnyama wabuza eyona nto inditsalileyo ndide ndizokulala ezintabeni nje.

Ndimpèndule ndati: "Kaloku Bumnyama bendité kuwe kwasentlandlolo ndiya e-Mpelazwe. wati ke wena woba ukò apò sukuba ndiyakona, ndiyamangaliswa ukuva sewukulamazwi ngoku."

*U-Bum.*: "Hayi noko ibingumbuzo nje, kuba ndimangaliswa sesi senzo sakò sokushiya ikàya uhambè uziqùsheka kwiminxùma ongayaziyo nokuba inamaramnco."

"Ikukataza ngani lendawo? Asinguwe ongene kulomiqolomba ndim, kwaye kunjalo nje ndingafuni kuva nto ngawe; bendingakufuni nganto ngoluhambo lwam. Ndindulukile nje ekaya andilindele buhle kulo."

*U-Bum.*: "Ha-ha-ha-ha-ha (ehleka)! Uxolo nzwana ya-Komkùlu bendingazi ukuba lamazwi abengakwenza shushu ngoluhlobo."

Kulendawo bekungekò zwati, umqolombà lo ndigaxeleke kuwo tanci ukuba ndifike ehlatini elikùlu apò uzwati belukò luluninzi. Ndaqonda into yokuba ndingati ndike ndadlula ndaya ndangena kulo, ndandingelungelwe, ndandingaba sisisulu kuma ramnco akòlisa ukushiya iminxùma yawo ngoncwàlazi ahambè efuna amaxòba adla wona, yapandle into yokuba ndoba ngumongezelelo kuwo.

Kutè ndisepàkati kwezi ngcinga ndake ndapùtapùta enxòweni yam yompàko ndeza nelungwana ndatya.

Ngelixa ndihlafunayo kanye ndive isandi sigqùma kwihlati elingekude kum; yinto leyo—eyabetà kwa-

banda izibilini, imitàmo ihle seyiduma ishiywe yincasa, ndide ndake ndecwaka umzuzwana.

*U-Bum:* 'Nantso into yako, sibadubadu ndini!' 'kaloku waqala wankwantya wakuva umgqumo weřamnco!'

*U-Kanyo:* 'Yiti tu Gqobòka ungabinaxala, ndiko nje apò ukòna akukò bubi buyakukuvelela.' Kwaqala kwati gingxi, nemitàmo yelo lungwana yabuye yehla ngoxolo noloyiko selunyaukile.

Nditė mandikàuleze ndilungise indawo apò ndizakulala kòna. Ndiye ndatàbatà ilitye ndizakuqamela ngalo, ndalibeka pàntsi ndimana ukulilungisa ukuze lingandi gungqisi. Ndazibeka pàntsi, ndaqamela kwabetà kwařaneleka, ndayolula kakuhle nengubo yam yenkomo ndaba njengoleleyo nokuba uvalo lwaxoxa lodwa.

Andizange ndikànyise, nokuba ndandilele pėzu kwe řambà lentaba andingexeli. Kutė nam sendingasaqondi, kanti kulapò kubonakala ukuba ndandise ndilele ubutòngo, ndapùpà uBumnyama endicinezela, ndaza ndambona uKànyo efika emtyàla waza waya kuwa kwelinye icala. Ndabuye ndalala kamnandi.

Ekuvukeni kwam nditė nqa, kuba kube kunje ngokungati ndilele ekaya kanti ndikwikàya lemilalandle.

Xa ndivukayo ndiqonde into yokuba izinto zigqwetėkile. Ilanga lipùme kwingxingwa ekwelicala, ekutė xa ndipùtùma umendo walo ndabona ukuba lipùma e Zantsi liya e Ntla, nantso imilanjana yelo ibaleka isinga apò ilanga liya kòna, yapàmbàna kwakanye ingqondo yam, landitshela akwabikò nombonisi ongandomelezayo andicacisele nalendawo efumane yemakatà kum.

Besendihleli pàntsi ndisisigogo, kwaza kwavela u Kànyo wati:

C

"Nyuka landulana, ngapàya kwayo wofumana ukuvulwa kwamehlo, uliqonde ilizwe ukumakwalo, woyiqonda kakuhle ihambò yelanga nemilanjana." U-Kànyo lo ubengenantetò yoburangaranga, ilizwi lakė belitsola kwa esanduluka ukushukumisa ulwimi lwakė. Kutė kuba nali ilanga selitànda ukupùtùma imini emaqanda ndafumana iyimfanelo ukuba make ndifumane isixàso. Ndikùlule inxòwa yam ndaza ndakùpà utshongo, amanzi angcwengileyo kaloku ngawo la ebaleka kufupi nalendawo ndikuyo. Ndifake imitàmo engepi ndimana ukuhlisa ngamanzi, itė lenkenenkene ngemizuzu embalwa ndayifumana seyiyinkosi kwapėla namandla okunyuka indulana leyo abuye ahlanganisana akwagxekeka.

Ndilungise umtwàlo wam ndawutyatà. Ndiye ndakwėza izihlanjana namahlati, ndade ndafika esitendeni sendulana ye salatiso.

Olu hambò lunditàbatė imini yonke, ndifike ndidiniwe ndiliyakayaka ndakohlwa nakukushukuma bekuxa litshonayo.

Namhla umqolombà awubàqeki lendulana inalamatye kutiwa ngawe nyangane. Inqaba ezikòyo zezembila, lendawo izele zona zodwa.

Kaloku kulomhlaba ndihambà kuwo akukò mntu ungummi; abantu ngabo abo ndabashiyayo bemi kwelase Mpumalanga. Kweli akukò nesitùnzana esi somntana, lilizwe lamaramnco, nentlobontlobo zezinye inyamakazi kwane ntaka zendidi zonke, kanti ne ntaka zo Myezo zizibonakalisa futifuti kumahlati amakùlu nashinyeneyo.

Kwakuhlwa ndazibeka pàntsi ndazama ubutòngo kodwa abukàulezanga ukufika bekulaula ingcinga zodwa pàkati kwam. Ngenxeni yamandla endingawa-

ziyo ndide ndalala, ndapûpâ amapûpâ amaninzi. Kutè xa ziqalayo ukuxoxa intaka, ndapâpâma kanti sekukânya ngase mpumalanga nekwèzi selitè qeke ukushiya intatyana ezo. Bendisanqènqile ndaza ndabona kudlula inyamakazi iqwâlela, inkungu ikò kanobom. Ndivuke ngobunxâmo ndawa kwi bûnguza lam ndayishiya apò ingubo ndayisukela, ibaleka budelela kuba ayizange yambona umntu enyatela kulowomhlaba, ndayeka kuhle emlenzeni kulo ungaqwâleliyo ndatsho yafingeka yasisigogo, ndaya ndafika ngokuyigqibela kanti liliza, ndalityatà ndaya kulihlinza.

Ndalusuka ulusu lwalo yaba yingubo yam yangapântsi.

Ndifune uzwati kumahlatàna angase ntshonalanga, ndalufumana ndapèhla, wavela umlilo ndabasa ngentsasa ndayoja yonke inyama yalo ndayidla, yimbi ndayifaka enxòweni ndandula ukusela amanzi ndatsho sabomvana isisu nje nge so-Mtwà. Ndalinga ukuqûba uhambo lwam ndinyuka lenduli, hayi nkosi yam isuke yakângeleka mxetuka yabutèlezi, kuba inkungu yakòna enomřezo ayide igabuke ncam naxa ilanga seli kwimini emaqanda; zitânde ukunga zingaqingqità intsuku uhambò lungekò.

Eyona nto yasuka yambi yancamisa kukusuke upèle mu tu umpâko. Utshongo nalo lwaluseluluncinane lwaza lwanzima ngakumbi uhambò lwam, kuba ubona nje akukò nto ityâfisa umhambi ngapèzu kwepângo.

Ngolunye usuku ndavuka lada latshona elo ndingakanga ndisule mlomo, kwaye nangemini engapâmbili bendingazanga nditye. Ingcingane yokuba ndizakufa lipângo ayindipângatûba. Ndilale kungekuko nokuba ndisemaxâleni. Inyaniso bezise zindishiye ndedwa.

Make ndikubalisele: Lendulana ayiko konke, ndingekafiki kuyo ibideleke kakûlu, kutè ndakufika esitè-

ndeni sayo suke yakùkùmala yanqaba, ayabi nandawo iluvuleko lwendlela; into leyo etsho ndacitá ixesha elide ndizula. Zibe liqela izilimela ezanditwàsela kulomhlaba. Bendihamba umganyana ndinqatyelwe, ndilalise kwalapà ndingahambànga tùba lide.

*U-Kanyo:* "Oluhambo lwako lunzima lune ntsizi, nto nje yongezelele utyàfo kuwe yilendlela ukuyo ngoku, maze ngomso ulinge ukubijela lendulana wobona amatyòlo. Ndenjenjalo ndizitsala, isisu esi sesisuke sancamatèla ematanjeni; ndihambè ndahambà ndade ndawabona lomatyòlo. Ngokufik'oku ndibone imbàbala ibambèke ngempondo emeveni; ndaya senditsiba kakade ndayigqibela ndayikùpà, kutè ndakulinga ukuyityatà ndaya kuwa, kuba amandla abengasekò ndide ndayitsala, ndihambè itùba elingepi ndipumle ndihlale pàntsi ndade ndafika emqolombeni, uzwati belukò kwanenkuni. Ndayihlinza ngomkònto, ndazifukutà ezinye indawo, ndoja kwanje ndatya kwasekàya; yimbi ndayifaka engxoweni seyivutiwe.

Ndiqùbe ngalendlela ixesha elitile, ndibulale imbila apa namhla, ngomso ndibulale enye kulanqaba, ndidle ndisele, ndingcambàze ukunyuka induli, ndade gxebe ndafika esinqeni sayo. Kwindawo ezimxetùka bendike ndipatè kugaqa ngamadolo ndibambèlele ngezandla encèni, pòfu ndakutambèka indivumele, mandiyinyuke uzokubona isuke ibe yinkohla mntu.

Bekukò into eninzi yembila, kodwa bezingakolisi kuya kudlakude nenqaba zazo, ukuzibulala bekufuna izingela elinamava; kutè kuba sasiqeqesheke ncam ekuzingeleni yalicekwa noko le yanamhla.

Emva kwetùba elide ndide ndayinyuka lenduli. Ndapùmla ixesha elinobom ndinje ngommi encotsheni yayo; kubuye kwafika ixesha lokuba mandibuye ndimke ndiye ndifune ndawo yimbi."

# ISAHLUKO III.

## Ilizwe Elihle.

Ndapėtůka ndati okuya bendingumntu obėkise umbombò kwizibàkabàka zase zantsi ndasinga kumoya onuka ubuqòlo wase ntshonalanga. Kutė ndisanduluka landihlaba kamnandi ilanga ekòsi, ndajika ukuke ndikàngele icala elipùma kulo. Nqwa nalanto bendisakwazi yona e-Mhlangeni, nemilambò ukubaleka kwayo itsho ndaqėla, kuti xa kuřatyelayo inyanga ivele ililahle lomlilo elingenamità ishushu ilande ekòndweni lelanga. Kwakusehlotyeni nencà ingekapėti ukukůla, inyibiba ziqaqambe ngohlobo apà olwasuke lwatànda ukundigezisa.

Lomhlaba ndandinyatėla kuwo ibala lawo lalintsundu—mnyama, ipàndle into yokuba kungati kuke kwatyalwa amatànga namazimbà acùme agqibeleie kungabikò siřořo. Umpàko endihle nawo ngowembila ezimbini endizibulele kwinqaba yokugqibela pàmbi kokuba ndihle.

Ilanga lalendawo lalishushu kakůlu, kodwa impepò encinane ingaswelekanga. Ingubo yam bendike ndiyibeke pàkati kwemfidi yentyantyambò ezikůle zeshinyi, xa ilanga limi bùxe esazulwini sesi bàkabàka, ndimana ukuhambàhambà pėzu kwamawa ndinyondla ukuba andingebàqi mbila na kumatàla akumawa apàkamileyo.

Bendiye ndibulale into eninzi yentaka, nenyamakazi ndijike ukuya engubeni yam ndonwabile. Ekumkeni kwelanga ndinyuke ukuya kufuna umqolombà.

Ngomnye umhla ndisekuwo lomqolombà yapùma inyanga iyinqùkuva ekàzimlayo, into leyo eyasuke yabetà kwasemini kwakanye, ndade ndaka ndapùma

ndabutà ebaleni lalomqolombà pàntse badlelana ubusuku ndingazange ndibuti cwè ubutòngo. Kudlule imihlambi yenyamakazi ekòlisa ukuti ngoncwàlazi ishiye izilili zayo ihambè ifuna imifuno nencà etàmbileyo. Namanye amaf̌amnco angatàndi ukupùma liwuhlabile umhlaba ilanga, abonakala ehamba ngokunyalasa kwi Lizwe Elihle.

Nditè ndiyakulala ndabe ndiwadikisile amehlo am, kutè oko bendike ndatinjwa ngulombono, ngoku ndafikelwa kukuti nqa noloyiko. Ndangena emqolombèni ndasisa isisalela sobusuku ngento emyoli yobutòngo engazange ipàzanyiswe nasisibi esinye sepùpà nakupàpàma. Ibe litùba elide ndingumhambi kwelilizwe.

Bekukodwa ukuti ngelinye ixesha ndiye kubutà kumtòmbò otile owaungenisa indlela ezilicela nemizila yenyamakazi ezizokusela, zipùma ngembònakalo kuyo yomine imimoya. Kwakukò umti omde ohlume kufupi nawo owohlobo endandiqala ukulubona, imfano yawo iyelele ku mnquma, amasebe awo aye nabile adala umtùnzi opòle kamnandi kwilizwe elimità ishushu. Ngolunye usuku ndehla ndaya kucima unxano, kutè ndakukùlelwa bubushushu belanga ndapèpèla kuwo, ndayihlisela esinqeni ingubo yam ndacambàlala pantsi emtùnzini. Into eninzi yenyamakazi izile ukuzakusela, zimbi zada zabutùma egqubeni kufupi nomtòmbò ezinye zadlala. Kukò eziye zeza emtini, zanqumama zakundibona, zatimla, zajongana zangqisha. Ndajika ubuso ndazikàngelisa zasondela, nam andabi nasitùkutèzi ndazola andazotùsa.

Ukuba ngaba zazisinikiwe isipiwo sokukwazi ukutètà ngezati: " Tyinile ! bafondini, yinto yapi yona le

ihambà izenza umboniso ezweni letù?" Kwati sakuba sidikene ndaziyeka zanduluka ngoxolo. Kube mzuzwana zitė dungu, ndapòsa amehlo kummango onga pėsheya kwesihlanjana kwitàfa elincà iluhlaza ixube nenyibiba kwanezi pėpàne ndabona ibàdi elidauwa, elimbala ungandanga libaleka pàkati kwayo lizibija, litùswa nayi mpepò encinane. Ndaza ndayibona inyamakazi ezikòlayo, eti ipàla nje ike ibe netùba lokuvelisa umbala ongapàntsi like lide liwubuke. Ndilibone selixube nokuzigqatsa ngoku ngati lileqwa zizinja. Pòfu nam ndandizimele lingandiboni apò ndandi ngarorela ukuti mhlaumbi lindibonile laza lotùka. Lil'elo liyakusitėla kumatàfa atė lwale ngumfankungu; kwakuxa lalibantu bahle, umoya ovela kwilwandle zase zantsi usezeleka kamnandi. Ekutshoneni kwalo ndenyuka ukubuyela emqolombėni, ndatya inyama ndalala.

Kusile ngengomso ndihlile ndaya kuzingela, kutė pàmbi kokuba ibetė impepò yasemini ndanxanwa gqità ndada ndaka ndaya kumtòmbò endibe ndike ndasela kuwo ngezolo. Ndifike ndabetėleka, kwayinqaba ukuwayeka. Ekupàkameni kwam ndiqonde into yokuba ndiyàsindwa sisisu ada aguntyuza amanzi xa ndihambàyo into leyo eyatsho ndadangala kamsinya kungeko nandawo ndiye kuyo.

"IZIMANGA."

Kwati xa ndikwėza lomahlati,
Ndalibėkabėka lonk'ilizwe.
Ndapùml' emtùnzini womt' òmkùlu,
Ndahlabel' ingoma yabalusi.
Ngebàqo ndoyiswa bubutòngo
Ndalala, ndapùmla, ndidiniwe.
Ndavuswa kobobutòngo buhle
Zizingqi zenyamakaz' enkulu,

Eyayibalek' ingandiboni.
Ndahambèla ngentla kwamahlati
Apò ndabonana nezimanga ;
Ndada ndateta-teta ndindedwa.
"Kwakuqâqâzel' iqaqa paya !
Uṙoqotyen' exènts' ezibuka
Pèzu kwamaty' anobulembù !
Pàntsi kwelinye ngasemanzini
Kwaku kekel' ixègo lenkala !
Kwitàla elali seliweni
Kwaku gcakanyelw' ilanga kòna
Yinkunzi yembila necilitshe !
Kwade kwati tshe isitùnzana
Se xàlang' elimapik' ankone !
Kwizadungana ezingekude.
Yakòny' ikònyile indubule !
Kulomiqòṙwana mincinane
Kwakupìtizel' inyoka zodwa ;
Kwiqul' elimanz' angcwengileyo
Kwakudlalwa icekwa ngamandla
Zinkosana zalowomhlatyana,
Inkwil' entle no nojubalala ! "

Ekutshoneni kwalo ndabuyela emqolombèni kungekuko nokuba nditè nqa zezo zimanga. Lendawo yayibukeka ingenamdintsi, into yakòna yonke yayisoloko intle iqaqambile inombiza engqondweni.

Ngenye intsasa, kuse kungeko necàpàza eli lombetè kwimini yase hlotyeni, libuzola, kodwa linomoyana owaumana ukufika ubuye ushenxe unike itùba kwimità eshushu. Kutè lingekade liyipùtùme imini emaqanda ilanga, ndabona kuti tàpù ilifana elingeni pèzu kwendulana zase ntshonalanga, ndalindela imvula enkulu, kuba ukòkò wayeteta futi esiti : "Mntana womntana womntana wami, mhla imvula izakunetà kwimini zase hlotyeni, ubogqala umbetè wakuvuka ungekò, kuba noko xa ulele kukòlisa ukuti

nokuba beseli hlomile lagqiba icitàkale imvula kube zindudumo zodwa." Ndati namhla ndisayakuke ndigqalisise.

Lafuqa ilifu kungekò nto ilitintayo ngapàmbili, libaleka kumatàfa ase moyeni.

Lapùma lenza incam esingisele kwisibàkabàka sase mpumalanga.

Isibàkabàka ebesise luxolweni ngemizuzwana engapàmbili, sabalibala apò kudlala kòna amafu. Kwavela inkungu emhlopė ilandelwa yemnyama-mhlopė ngase zantsi, yeza seyikàsa kakade ezintabeni; yapàndle into yokuba ezizinto zinduluka ndaweninye zazisene.

Kubonakala ukuba itė enye: Koti wakuba lapà, mna ndenjenjeya ukukwėza intaba side siyekudibana kwingxingwa yokugqibela yencopò yentaba epàkamileyo.

Ngesiqupė kubonakele kutshauza umbane kwezo ngqimba zamafu amnyama; indudumo ezalandelayo zatsho andabi nasikùndla. Ngelopànyazo yagubungela inkungu ivungama, kwati okuya benditi kusemini kwabetà kwalucoloti kwangoku. Kutė ingekafiki imvula yabe inkungu seyizilingela. Imibane eyapàmbana kweloqolomba andikayilibali nanamhla. Indudumo ezabakòyo ngolosuku zendinga zangandaziva ebomini bam, laye lisiti lakutsho ndinge ndingalandelisa. Itė yakufika imvula ipėlekezelelwa yinkungu, imibane, nendudumo kwakànya okokuba ixesha lam lokuba ndidle ubom liyapėtwa ngawo lomhla, yandisingasinga ingcingane yokuba isipėlo sifikile sokuba umhlaba upėtwe.

Lanto sasike sayiti jwaxa nokòkò engendalo yezinto ngezinto yandifikela ndeva senditėtile ndingasazikisanga nokucinga, "O Nkulunkulu, Wena okàya lise

zingcongolweni nase miqolombèni, Wena ushukumisa ingcongolo ngo moya Wakò; Wena odale, ilanga, inyanga, inkwenkwezi, izilimela, isibàkabàka, intaba, imilambò, inyamakazi. imibane, amafu, inkungu, nendudumo. Ndisindise, ndisindise okwale mini yodwa."

Kunge kupèndulwa isitaŕuziso sam, zapèla kwa oko, kodwa imvula yenza into yanye. Igazi labuya labaleka nomzimba wonke. Ndamangaliswa kukuna kwemvula ngoluhlobo kungekò zilimo zilinyiweyo, nkomo, nabòkwe ziza kutya lencà iluhlaza kangakanana.

Elikàya ibilizwe apò kusakàsa kòna inyamakazi zasendle, zingaxaliswa bani, zingazingelwa kungekò nenja ezileqayo. Ibikwa lilizwe elela ubusi. Ndikùmbùla ngolunye usuku, ekwati ndipùmile ndiyokuzingela ndabona intaka yobusi, ndayilandela apò iya kòna, kanti indiŕolela ubusi. Kwati ndakufika etsilini ndalinga ukubupàkula ekubeni ndaka ndazi yobisa inyosi ngokuzigalela ngamanzi, kodwa elo linga alibanga nampumelelo kwaba koku kona zivuka umsindo. Ndafaka isandla ndaza ndeza nenqatà livuza incindi; ndandingekalisi nase mlonyeni, ndabona zipùma zafunza, ndazidela ndamangaliswa okokuba kunokwenzeka ngayipina indlela ukuti impukane ezi zindoyise.

Kutè jaju ikàlipà leza esiqwini kum, ndinge ndingalipèkuza ngezandla ndalipòsa, leza lafika lamisa ngolwavila lwalo pèzu kweliso lasekòhlo, ndaqonda okokuba kuko into eliyishiye imi, ubuhlungu bayo bungapàya kokwazi kwam, zaye ezinye kungona ziqalayo ukufika, ndalilahla pàntsi elonqatà ndazibeleka inyawo; ndike ndalinga ukuzibetà ngebùnguza akwanceda nto, kwati ndakujika amehlo ndabona ilifu

lisitė ilanga, zeza ziduma zivuma zisiti,—" Hm- - -hm," ndabaleka ndaya kuzifaka kwisiziba somlanjana omanzi angcwengileyo, ingubo ndayishiya ngapȧndle. Eliqinga ndandike ndeva ukȯkȯ endibalisela lona ngalamihla yase-Mhlangeni. Nditė kanti ndizipȧmbė ngenyaniso, zajika zasinga ekȧyeni lazo; into endingakuxelela yona yile yokuba andizanga ndabuya ndayakufeketėla kuzo.

Namhla ipȧngo laliselindoyisile, elilizwe belinayo yonke into ecwȧyitisa umhambi, belinezinto ezizizo nezifanelekileyo ukutimba intliziyo.

Kodwa intliziyo yam andiyinikelanga kakȗlu kubutyebi beli " Lizwe Lihle " kunene, elela ubusi. Ngako oko ke ndike ndapȗlapȗla ingxoxo ka Kȧnyo no Bumnyama pȧmbi kokuba ndenze nayipina enye into.

*U-Kanyo*: " Ndifumana ililungelo Bumnyama ukuba u-Gqobȯka alishiye elilizwe afeze uhambȯ lwakė."

*U-Bumnyama*: " Andiyiboni into yokuba uti ku-Gqobȯka makalishiye elilizwe aye apȯ angaziyo."

*U-Kan*: " Anditsho okokuba esi sisipėlo sohambȯ lwakė kuba akakaqubisani nobunzima."

*U-Bum*: " Ucinga okokuba lento yokushiya abazali nelizwe lakė amelane nokunqantsa intaba, nenduli, eve indlala, etȗswa nazi ndudumo, endululwa nazinyosi incinane ? "

*U-Kan*: " Nditi mna esi sisiqalo nje sezinto, akakabili esoma."

*U-Bum*: Ngokwenene, ufeketa ngaye, umlahlekisa kunjalo nje."

*U-Kan*: " Kodwa usawakumbula amazwi ka-Gqobȯka amhla mnene ? "

*U-Bum*: " Ndisawakumbula."

*U-Kan*: " Aye sitini ? "

*U-Bum*: " Wati yena uya e-Mpelazwe."

*U-Kan:* "Yi-Mpelazwe le akuyo ngoku?"
*U-Bum:* "Hayi anditsho."
*U-Kan:* "Pòfu otètà yona ngoku yiyipi?"
*U-Bum:* "Ngati ezizigaueko zalatà i-Mpelazwe."
*U-Kan:* "Wonconywa njani engekawalwi nje amadabi ayakumnika udumo, imbèko, nombulelo?"
*U-Bum:* "Mhlaumbi ukuba utè wahambèla pambili wode abuye aqubisane nokulahlekwa bubom bakè."
*U-Kan:* "Yiyona nto kanye ibukekayo ukufela edabini ungoyiswanga."
*U-Bum:* "Ngelam bendisiti maselejika abuyele e-Mhlangeni, apò konwatyiweyo, lento yokubàdula imnika wonga lini?"
*U-Kan:* "Iwonga wolifumana okanye angalifumani, lento yojonga ekupètèni uhambò lwakè."
*U-Bum:* "Kuncedani ukusebenzela udumo ngento ongaqinisekanga nokuba woyifumana?"
*U-Kan:* "Yonke into enika udumo ifuna unyamezelo lwenene, namhla sewubona ukuba akufanele ukuquba, kunjalonje sasitè kuye soba ngumtya netùnga."
*U-Bum:* "Yiyo lento nditi masibuyele e-Mhlangeni sonke."
*U-Kan:* "Uyazivela ngezakò indlebe Gqobòka akuvi ngakuxelelwa, ngoko ke wozigwebela elakò icala."

Lamazwi angentla atètwà ndiweva ngezam indlebe, ndeva ukusukandihlale kuka Kànyo no Bumnyana.

Inye kupèla into endandiyijongile yeyokuba lufezwe uhambò lwam. U-Kànyo ndimfumene esemxòlweni wentetò. Emva kwalengxoxo ishushu kunene ndibone ililungelo into yokuba mandilishiye elozwe lihle, kuba naku ixàla lingandipìtùba. Ayindisitèle nakancinane into yokuba oluhambò lunengozi nobunzima, kodwa pèzu kwayo yonke lento ndizimisele ukuqubela pàmbili ndingajiki.

# ISAHLUKO IV.

## Imini Ezinzima.

## I.

Ewe nkosi yam ndalungisa kaloku impahla yam; lanxòwana ndandiyinikwe ngu kòkò yayiseyilidlavu, ndandisebenzisa enye inxòwa endayenza ngolusu lwala mbàbala ndayifumana ibambeke emahlahleni. Kwi Lizwe Elihle ndahlala izilimela eziliqela; izimvi zada zazi bonakalisa ndise kulo. Ndinduluke ekupèleni kokwindla ngokwazi inyanga nezilimela kuba kaloku bekungalinywanga kuba belingenamntu. Ndalinikela umva Ilizwe Elihle, ndikululekile, intliziyo yam ndingayibekelanga kulo. Ndangcambàza kuhle ukusinga e-Ntla ndixòbe ngokwaneleyo njengoko ndandulukayo e-Mpumalanga.

Kaloku ndakwèza izihlambo ndabljela amatàmbèka ndacanda imimango namatyòlo, zisina imvula zokwindla. Sibe sinye isilimela esanditwàsela endleleni, esesibini sitwàse senditànde ukuliqèla elase Ntla. Into eyabalulekayo kwelo yingqele nekèpù eligqitisileyo.

Imiqolombà yayiko kanobom, ndazinyulela endati fanukuba ukùselekile.

Ngomnye umhla ebusika, umoya wavela entshonalanga ubanda kuse kusasa amafu amhlopè engqele kakade aye zula, kungenjalo epàla ukusinga e mpumalanga. Kwati kusekusasa ndahle ndazi okokuba loti litshona elo kube kuko into ehlileyo.

Ilanga lase busika alimi liti livela libe litshona, Ndacòla intsasa, ndatèza inkuni ndalungisa uzwati inyama yenyamakazi yanela. Isibàkabàka sagutyungelwa ngamafu amhlopè kwencwàlazi, ilanga lasitèla.

Leyo mini yobusika yaba busuku. Umbane andizange ndiwubone, kwanendudumo andizange ndizive naka ncinane ngalowomhla.

Mayelana nokumka komhla lawa ikêpû kwada kwa ngoncwâlazi lenze into yanye. Ndatsho ngento enkulu yomlilo ndafudumala, kutė lisenza imfumbâ ngapândle andananza kakûlu. Kwati ndakuřoba ndabona ilizwe limhlopė jikelele. Aliyekanga, litė řoqo liyawa. Ndalala kwafudumala kakûlu umntu waye ngetsho ukuti liyakitika. Ndivuke lenze isitônga sasinye. Lomqolomba wawumkûlu unabile; ndivuke sezi tôntelene inyamakazi kuwo zigxotwâ ngamahlwantsi engqele emahlatini nasematâfeni.

Ezinye kuzo besezimaka azabisa ndindwebela kuyapi, ndamana ukubambâ nganye ndiyibulale ndoje ndidle řoqo. Ngokuhlwa okulandela lomini inzima kwavela umoya ezantsi waunga bandi ngako wautâtâ kude, kumhla ubudala ndabufumana. Ndalinga ukupêhla umlilo suke lwanditefela uzwati, kube litûba elitile pâmbi kokuba lutûngeleke.

Ngokuhlwa ndagcuma ndedwa ndaqonda ukuba imini zam azikude imizuzu ibalelwa kufupi. Ndapâtâ kuguqa ngamadolo andasiza lutô yandingena ingqele yekėpû ndabe kudukisa ndisitini yanam; ndalila ndipâkati emqolombêni ndati, " Wena Mdali wezimanga, wutisa amandla alengqele. O! Mdali wenyamakazi, nemiqolombâ, ndive undisindise kulo ikėpû. Ndiyakwazi, uhlala ezingcongolweni kwakuwo lomqolombâ ukô ndisindise Nkulunkulu."

Andifumananga ndawatėtâ lamazwi kwakunzima kanye! Ibubunzima endandiqala ukuqubisana nabo soloko ndashenxayo esifubeni sika ma.

Intliziyo ibuhlungu kunangoku ndilibalisayo elibali kuti inyembêzi mandiziyeke zipâle indlela yazo.

Indikàtàze futi ingcingane yokuti kunjenjenje kum kanene emva e-Mhlangeni konwatyiwe, imihlo ikò kuzo zonke izindlu ezihlala abantu, kugwadlana nokutya okushushu nezifuba zenkabi zenkomo ezityebileyo; elixa mna ndiqubisana namacimi-cimi, kodwa lengcingane ndibuye ndayilahla msinya ndati hleze ipàtèlele ekunditvàfiseni ndingabi salufeza kakuhle uhambò lwam. Kutè ndisafumane ndiseso sigogo, ndeva ndifikelwa lilifu lobutòngo kwabonakala ukuba liza linzima. Ndabetèka ngecala kanti seyikukulala kwam oko, ndenza umtya wobutòngo, ndavuka sekusile kade, kwaye ngapàndle pàya nkosi yam ikèpù libetè kwayi nqàka jikelele.

Imilambò ayibonakali, incà incwàbekile, kuvakala ukwapùka kwamasebe emiti ehlatini kupèla.

Intsuku zolukile lengubo imhlopè ilitè wambù ilizwe lase Ntla ingagungqi itè cwaka. Inyamakazi nazo ibe litùba zingetyisi. Ngolunye usuku kuse kungekò nkungu nalifu, lapùma ilanga lingacacile, kutè xa liqala ukufudumala ancenceza kwindawana zonke amanzi. Emva kwentsuku ezimbini inyamakazi zibuye zawushiya umqolombà ziz'ezo ziyakufuna incà namagqabi. Umoya obandayo wazibalula kwakusasa lade lapàkama ilanga lase busika.

Ingqele yekèpù ibingeyiyo nto ndiyazi kuyapi, asinto ibikòlisa ukuwa e-Mhlangeni, nokuba belike liwe beliya linyibilike msinya lingasikàtàzanga ngokubanda.

Kutè kwakucaca okokuba linyibilikile ezintabeni ezipàkamileyo nezibetwà ngumoya opòlileyo nakwingxingwa ezingakòlisi kuhlatywa yimità engenamandla yelanga lase busika. Yase ngqondweni into yokuba mandifudukele kwintaba zase Ntla, ngelam nda-

ndiba ngokwenjenje ndizishenxisa ebunzimeni obundizelayo kanti andibuzanga.

Ndanduluka ndinomnqweno wokuba ndokauleza ndifike kwilizwe loxolo. Ihambò yam inditàbatė ixesha elide pàmbi kokuba ndifike kwilizwe lentaba namahlati. Kutė ndisafika nje esitėndeni sayo intaba leyo ndaqonda ukuba ndigaxeleke kumhlaba wamaramnco odwa. Idobo lakona belisanelisa iliso kucace okokuba inyamakazi ezingatyi nyama zisisisulu kulendawo ngako oko ke bezingeninzi nje ngase Zweni Elihle. Maxesha wambi ubungemangaliswe kubona amaramnco exàgene engakukangeli ngamehlo oxolo.

Indawo yokulala namhla ndiyifune emahlatini, emiqolombėni pàya ndoyike inyoka ezinobuhlungu nezingwe zamatyòlo. Ndaka ndamisa kwelihlati. Zatwàsa zasisonka zabuye zafa inyanga ndikulo. Ndandike ndipùme ndiyekuzingela ndixelise okuya bendisakwenjenjalo e-Zantsi nase Ntshonalanga.

Ngomnye umhla ndavuka kwakusasa ndakàuleza ndahambà ngemitsi ndingakange ndisule mlomo, kutė apò ndifike kona kanti sendimgama nendawo endilala kuyo. Bendihambà ndibùlisa ndeva isandi sishukumisa amasebe emiti kwavakala nenyikima yomhlaba.

Ndajonga kulomasebe ndiba ndobona lutò, hayi, akwabikò nto ibonakalayo. Kwakamsinya ndive ngomgqumo obetė anga amawa, amahlati, nalowo mhlatyana ndandimi kuwo uyangcangcazela.

Andibanga satanda nokuke ndibuye ndikàngele kwelocala, ndanga ndisuswe inwele ndeva sendite: "E-e-e- hi, Awu nkosi!!" Ndanga ndigalelwe ngamanzi, zabanda izibilini, amalungu omzimbà onke angenwa yigevane, ndapėlelwa ngamandla necebo, ndaqonda okokuba sendimi ndedwa u-Buroti unyaukile. Ndiro-

xiie ndahamba ngomva, ndanele nje ukuba mganyana, suke lazibonakalisa iṙamnco; ihlati lipėla suke lazala lona, liye laṙana nelifu elimdaka elifumbėtė indudumo nesipȧngo. Ndapėtủka ndazibeleka inyawo kwavakala intlokoma yengubo yam yenkomo, inyawo zatȧnda ukuza kucukumisa ikȯsi ngasemva kwatl ngapȧmbili amadolo atȧnda ukufika esilevini. Ndapȧla ngoku kweliza lileqwa zizinja, ndike ndirwaqula ukubona ukuba andilandelwa na liṙamnco: Ndajika ndalila inyembezi ndimemeza ndakuqonda ukuba lunde ngam; ukugitshima endakugitshimayo ngalowomhla kokungazanga ndakugitshima napina. Uvalo lwaxoxa okwalo, ipika ladumisa eyalo indlela, izitủkutủku zayimijelo yamanzi encenceza ebusweni nasemzimbėni. Ndatyȯbeka emahlahleni ndeyela kwimingxuma emidala yamahodi. Kutė kusafumane kwayilonto ndeva ilizwi lokwȧzo lisiti:

"Hȯ-ȯ-ȯ! Hȯ-ȯ-hȧ! Hwȧ-ȧ!"

Ndiwapȯse pėzu kwesiwana ndipȧla; ndabona. Tyinile! Nalo ixėgo lemfene libambėlele esinqeni ngazo zozibini izandla lilo eli likwȧzayo limangaliswe ngulombono. Ndagitshima, andananza nakancinane lukwȧzo lwayo, ndaya apȯ ndingaziyo.

Bekuxa ndivayo nam ngoku ukuba ukudinwa kufikile apȯ kutė ndeva ilizwi litėtȧ cacile lisiti: "Yiyipina kaloku le uyixėntsayo namhla?" Ndike ndenqumama umzuzwana. Libuye latėtȧ lati, "Nditi yiyipina le uyixėntsayo?" Kanye ngawo lowomzuzwana ndibone u-Buroti esiza wafika wazipȯsa ngapȧkati kum; ndaziva sendijikeke mpela kulanto bendiyiyo ndapėtủka nkosi yam ukuba ndijongane neṙamnco elinakane ukutshabalalisa ubom bam. Ndazitėtȧ namhla ndingasatėtwȧ bani, ngezo bendisakwaziwa ngazo e-Mhlangeni.

D

## "IZIBONGO ZIKA GQOBOKA"

"Xhalanga eline ntsente,
Elilal' emahlatini.
Landuluka kwakusasa
Ukusing' entshonalanga,
Linakan' ukuya kutya
Izidumbû zamadoda.
Abali kâlimelanga
Bayekelela kunjalo.
Labuya lixâp' igazi.
Awu pûpû elintsundu!
Elabâqw' ezintabeni,
Elasol' u-Ndabayake,
Lamhambâ-hamb' entanyeni.
Lamsol' akatânda lutô;
Lashiya imikûtûka.
Inkwenkw' emnyama kayise—
Inkwenkw' emnyama kanina,
Umngeni uqalwa yiyo;
Ayikwazi kuhlasela—
Kub'iwis' umntu ifika,
Ifunze pâkatî mpela,
Igile yenz' izigodo.
Inambâ yeziqalaba—
Enomsindo ebantwini,
Exâp' amagweb' ifutê,
Yakubon' utshaba lwayo.
Ikalipâ elilwayo,
Lilwe lingenakujika.
Liyatênjwa nayi nkosi.
Uvutûza nge bûnguza,
Ngebûnguza elikulu,
Elimnyama kwelicala—
Elibomvu nakweliya;
Atsho zisabe intshaba.
Inkab' elunga yeyakê—
Emnyam' ilunge kuyise,
Azilwi ziyakôtâna.
Inkwenkw' engalunyulwanga,
Yeyek' ibele lonina—

Iselusan' olungeni.
Ukuqina kwentliziyo.
Yakuzuz' isencinane,
Abafana balemihla
Babolekana ngobubi.
Kuba bengavani nati,
Bengavani nabazali,
Bengavani kwa nenkosi.
Isalaman' esikùlu
Esalamana nabatsha,
Salamana namaxègo,
Salamana nenjengele—
Ezidume ngokàlipò.
Sivutùza wezwe letù,
Ndiyibonile inyati,
Idlula ukumka komhla,
Iyokusel' emlanjeni
Omanz' apòlileyo.
Yandijoka ndayijoka,
Ndayijoka yandijoka,
Ndapètà ndiyibulele."

Kutè xa ndikulamazwi okugqibela ndabona ukuba u-Bugwala akasekò, kwaye neřamnco laliseli kufupi ngamabanga angepi.

Ndibone ngati kutshauza umbane pàkati kwalontshinyela yoboya. Ndiyitè jwi pàya ingubo yam, kwasala izijiya zodwa ndaqula ndagqiba, ndenza ikwèlo, ndabetà pàntsi ngebùnguza, yayimikònto kwesokòhlo, ndakasa, ndakasa, ndaxelisa zonke inyamakazi. Ndinge ndiwelwa yindlu ekuzipòseni kweřamnco pèzu kwam, landigubungela andazi apò ndikòna kwabamnyama mbè, ndité jaju gama pàya ndisenzela ukuze ndizuze itùba ndifumane nendlela yokuliya kakuhle, ndiqonde into yokuba sendibomvu pòfu alabikò nexesha lokuba ndike ndikàngelise apò lindenzakalise kò-

na. Latsiba selisineke kade lisiza kum, landiqala ngenzipo macal'omabini amagxa. Ndalilekuza litė xa lipànyazayo ndayeka kuhle pàkati kwamehlo laqùqùmbà lasinga pėzulu, ndaqonda nam ukuba ndilifumene. Ndinge ndilihlupėzile, lazi posa, ndazigibisela kulo ndaligwaza esipàngeni ngomkònto ndalixòma. Kobubutùba ndive sendibanjwa ngonyawo lwasekòhlo.

Ndakuti řawu ngamehlo, ndafumana ukuba ngu Bumnyama undibambė, ngazo zozibini izandla esisenzo sitsho iřamnco lazuza amandla, lasuke latànda ukuyifika ngamazinyo intloko yam. Pàkati kwale mpitimpiti ndive ngesandi sibetà ku-Bumnyama, ndeřawu ngamehlo. O, ngu Kànyo, untlokotisa u-Bumnyama esiqwini sendlebe wamkàhlela pàntsi, uvuke eyotyiwe, bakùngelana yalelinye idabi elo. Badwishana, yangongapàntsi yangongapėzulu. Isenzo esi sindinike elihle itùba eli, ndagalela ndenza utòtò ngebùnguza lam, ndagwaza ngemikònto ngesokòhlo, ndabona libuya umva ndazitėtà, ndaliya ndikàulezile, liřoxe amabanga ambalwa ndabona liqetùka, kanti leyele esiwaneni, ndabe sendikò ndayeka emva kwendlebe kabini nakatàtù ndalosela yapėl'int'ebitėtwà ndaliqongqotà ilakàbakàba lada lapėla sendimi pėzu kwalo ndililindile.

Ndike ndati pàmbi kokuba ndilihlinze ndahlala pàntsi ndalifanisa. Ndifumene iyingonyama, into exònti entamo inkulu, isindwa yintloko, umzantsi awumkùlu kangako, amabovu noboya bentamo nemikòno yayitiwe řwe luqweqwe lwalunye lwegazi elinqumileyo, ekubonakala ukuba sisigebenga sakwananini ekukudala sibulala amawaka atile enyamakazi ezinoxolo, namanye amařamnco anganeno kwayo. Ndayifanisa kakulu nesasike sizibulale e-Mhlangeni.

Ndayihlinza kakuhle ngomkònto ndahambà nalo.

ulusu lwayo, ukuyakulusuka, ndayishiya konapò inyama yayo ukuba ityiwe ngama xàlanga.

Ke kaloku-ke elir̄amnco alindenzakalisanga kancinane landigqibela, kwati ndakuba ndiwuhlambė ngamanzi wonke umzimbà wam akwabikò ndawo ingafutiyo ukutàbatėla entloko kude kube seluzwaneni lonyawo. Watsitsa igazi umzimbà wam, yapàndle mpela into yokuba bendiqubisene ner̄amnco ebeliqele uloyiso, seliwazi onke amaqinga okulwa intshaba zalo, ezingandwebanga nezinobuqokolo. Ndazama ndisiti ndifuna imiciza yenkubela, ingcambù namahlamvu atile endandifudula ndiwazi oko ndandisengummi kwelase Mpumalanga ngalomihla sasi salwa imfazwe. Ndakuba ndiyifumene ndahlola ndawana itile esabumqolomba ndazimisela ukugqitisa imini yonke nobusuku bayo ndizinyanga. Fanukuba woba lusizi ndakukutyela ukuba ngolosuku andizange ndibuti cwe ubutòngo kwada kwasa ndiguqe ngamadolo, nditùtùnjelwa zintlungu, amanxeba awayengati ndigwazwa ngamashumi-shumi emikònto ndawana zonke. Ubusuku bunge boluliwe akuvumanga nokuke ndicòpàcòpė. Kumhla ndayiqonda ukubambi kwayo lento ikukuzalwa wedwa ngemini zobunzima; kambė-ke, nkosi yam, kude kwasa ndijongile ngawo omabini. Ndivuke ndakàuleza ukuyakukànda amayeza, ndandula ukuziqaba ndizihlikihla ngawo ndonke, kuti kwindawana endizivayo ukuba ndir̄unekile ndizilamlele ngokuziqapùla.

Ukupùma kwelanga kube liyeza kuba noko ilanga eli ikakade lalo like libe ngumfanekiso wempiliso ngexesha elisemiyo lishumayela esibàkabàkeni, kanti ukuyakuti tshoni kwalo ngapàya kwezanduli, suke ukufa kubuye konke.

Kute xa liti futu ndakukòva ukuzidyoba ngamaveza ndabona u-Kànyo efika kum, u-Bumnyama elandela.

Ndatsho ndati kungona ndoka ndive ke namhla apò babekene kona kulamdudo bebekade bewududa.

Ufike ecwàyitile u-Kànyo. Ndite "Kàutsho gxebe nto yakowetù, ubekenepi notshaba lwako?" Usuke wahleka u-Kanyo walata ngomnwe wati, "Lul'oluya lungasakubuya lusondele nakanye kum nakuwe," kwaye u-Bumnyama lo ebetè ngcu njeya pèzu kwelitye mgama kwindawo endibe ndikuyo.

Uhambise wenjenje u-Kànyo:

Ngelaxa ingonyama ibipèzu kwakò ndambona esihla u Bumnyama eyakuyincedisa, kungako oko ekutè xa akubambàyo ngonyawo ndayeka ngenqindi endlebeni ndakàhlela pàntsi.

Ndakàuleza ndambambà ngomji esayotyiwe ndazama ukumwisa; kube ngongapàntsi kwa ngongapèzulu. Ndabona ukuba lendoda ingahle indenze into embi, kungoko ndati mandiyikàulezele eqingeni; kanye kute ngexesha angapàntsi ndabalekela kuqòqòqò ndomela ngoku kwesikòkò, wakàuleza wayotywa ndamenzani ngamanqindi, ndamfwempa ndamenza imiqela ebusweni, kutè xa umpèfumlo sekubonakala ukuba uyafuduka kuye, ndamyeka. Ndimshiye eludwambù, ndiyamangaliswa kukumbona evukile endilandela, kodwa noko anditsho okokuba wobuya ati cakati apò sikòna. Ndahleka ndisiti, "Konk'oku bendingazi ukuba u-Bumnyama untliziyo mbi kangaka," u-Kànyo uvakele esiti, "Ulibele oko ulibele lo, ngumhànahànisi omdala uhleka ngamazinyo odwa kodwa intliziyo yakè ivuyela ububi." U-Kànyo uke wabuza apò sishiyene kona nengonyama, ndisuke ndamalatisa ulusu lwayo, ucwàyite akalibala wada waxùmaxùma.

Ndahambà ngosuku olulandela olo kungekuko nokuba intlungu zamanxeba zindiqobisile, ndihambe ndila-

la ndivuka ndixelisa amatòle entaka kwakuwo lomhlaba wedobo namahlati; ndaziqaba ngamayeza, ndizingisa andapûmla ada abuya apòla onke, nemisipà yacombuluka okuya ibiseyi tânde ukushwabana.

Into epântse ukundiqetûla yindlala, kaloku amanxeba asuke akandivumela nokuke ndilushukumise unyawo ndipàkamise nengalo, iminwe yangamaqotòlolo ayabinalu sizo; yayiba yimigudu etile ukukâmela amanxeba. U-Bumnyama ubesele ngu kekela engavumani nam, oluhambò ndilwenza ndigcinwe ngu Kânyo yedwa.

Kutė ndisahambà-hambà ndabona amagiyogiyo ebàbà exokozela, ndaya ndikàulezile ati dungu, ndifike iyimbàbalakazi ingalele ikobuya bona, amaxokoxoko awenziwayo ngamagiyogiyo ayiyoba sike yasindwa bubutòngo. Ndakuba ndicacelwe okokuba ilele ncam, ndatwėtwà bunkawu ndafunqula elikûlu ilitye ngazo zozibini izandla ndatsho hėle entloko yajubalaza, umancedi engasekò, ndayityatà ndaya kuyihlinza ndapila kwicala lepângo.

Ngokumana ndihamba ndilijikeleza idobo ndatâna gaga nengwe yamatvòlo. Yagquma ndatsho ndane nkantsi kwalumeza. Isilo sentaba sati ngqo seza kum sanga sifunziwe sesimana ukuqakatà siwabala onke amatye sitwėtwà sisenjenjalo.

Njengesiqėlo ndawubeka pântsi umtwâlo wam, ndaqula nje ngoko ibisakuba lisiko lam ndakuziwa liramnco loluhlobo. Ndazitėtà njengalamhla wengonyama. Ndaka ndabėkabėka andambona u-Bumnyama pòfu u-Kânyo nguye lo umi ngakum; namhla uvalo loloyiko alubangakò ndema ndomelela ndanesibindi nje ngamadoda onke akuba kumgangatò wokujongana nokufa. Yeza esiqwini ingazilazili, ikàuleza, ndayihla-

ngabeza sendibukàtàzeka ndishushu, itė yakugqǔma kwavuka izivubeko zemini zangapàmbili, ndakàuleza ndahlukana nengcingane yokuxabisa ubom ndabona ilicekwa into yokuba mandifeketė ngabo. Kwati ekufikeni kwayo yati vu ngemiva yaxela ixėgo lenja lihlanganyelwe zingqeqe, yandikàtàza ngoku ndibijela ngomsila, kwaye inzipò zemikòno izifaka futi ekòsi, kuba lirămnco eliti lakumfika umntu litàtė lonke ufele lwekòsi lizokulupòsa emehlweni luze utshaba lwalo lufeketė ngalo lusisisulu.

Ndayicinga msinya indlela emandililwe ngayo, ndabake ndiyaqetǔka ndayama ngelitye, laxakwa kukujikelisa inzipò ekòsi nokundibijela ngomsila. Ndamana ukuyeka kamnandi ngebǔnguza lam kwindawana ezinobom, maxesha wambi ide ijijitėke, ndize nditi ngelam ayisokubuye ibuye; iti kuba lirămnco elingajikiyo lize seliligqabi likǔmbǔle kum, lifike lindongamele lisineke, ndimana ukuti bo nantso ndakulibetà. Ndalonwabela andapǔtǔzela, ndapikela ukulicàna endaweni ezitisa amandla nobungantsula. Latsiba lazipòsa pėzu kwam landipitizelisa alapà tǔba, lagqǔma, latimla intlokoma yalongxolo yonke yamkelwa ngamawa wona ayinikele kumahlati ekuyibuyiseni kwawo yinto leyo eyatsho indlebe zam zavaleka ndane ncilikiti, ndalilwa ingqondo yam seyingati ipàmbėne.

Ndalitsho hèle entloko ndabona lidangala ndapinda kwakuyo londawo. lagxadazela, lahexa, lada laya kukàhleleka emhlabeni lafa, ada aduma amawa ndatsho ndati:

"Hi! Hi—i—i—ji—i! Ji—i—i—!"

Ndayihlinza ubuninzi benyama yayo ndayifaka enxòweni, yimbi ndayishiya kòna apò. Ulusu lwayo

ndalutàbatà ndaza ndalusuka; kaloku e-Mhlangeni pàya belusakutùngwa lwenziwe umnweba wambàtwè zinkosi namapàkati.

Ngemihla etile bendike ndiwambàtè, ndiman'ukuzibuka ngapà nangapà. Ngalo lonke elixesha ndilwayo nengwe u-Kànyo ebendilindile, encoma, ehleka ndakuyibetà ide ijijiteke.

Ndalilwa eliřamnco ndinesibindi esingumangaliso. Zandicùkumisa inzipò zayo kulomzimbà ungemva ezantsi kwekòsi yanqinakala into yokuba lelinye lamařamnco anobuhlungu. Amanxetyana aye ngaxeli nto ndawakàmela ngamaciza endawafumana ehlumile kwakulo elodobo. Ndaye ndisomelela ngokomelela emva kokulwa lomadabi makùlu nalo mařamnco anconywa ukoyikeka ngenxeni yomsindo wawo.

## II.

Bekusiti ndakupùma kwelihlati ndingene edotyeni ndanele nje xa ndiligqibayo elo ndibe sendingena kwelinye ihlati, Lamahlati ayengaqèleki kwakubakò amaxesha awodwa, enditi kanti ndihamba nje intloko le yam ngati ipùngulwe ibelula. Inyoka ezincinci ezinje ngamařambà namapimpi zazininzi, ndandingehambi sitùba side ndingaqubisananga nazo.

Ndihambè ndasinga e Ntla pàmbili pàya lihlati elimiti itè sa kuko izitùba kule alishinyananga, andandulanga ndilicingele ukuti lingaba lifumbètè ububi. Ekusondeleni kwam kulo ndive ndimkelwa zinwele ndahle ndaqonda okokuba akukude ukuba kungehli into embi.

Ndangena gxebe kwelihlati incà yakòna ibikulile intle, kucacile okokuba ayityiwa zinkomo nabòkwe.

Kutè xa ndipàkati kulo ndeva kungati kuko isivutùvutù. 'Yinile! Yinile! Yinile!' Ndajika ndabèkabèka. Yo! Yo! Yo! Nantsi inamba, intloko yayo seyisemoyeni! Kwabonakala ukudaleka kwendlela edotyeni isiza kum indinxubele; ndatata unyawo, yazibonakalisa ibekeke ekòndweni lam.

U-Kànyo uvakele esiti maze ndingayilwi ndisepàkati kwemiti, ndati unyanisile, nam ndaqonda ukuba imiti ingandipàzamisa.

Nantsi enye into, sendibona ngendoda emnyama yiyo leyo kwicala eline nambà iyaququzela, kucacile okokuba ikutàza yona ukuba indiwele indibulale. U-Kànyo uvakele esiti, "Qina isibindi ndodana u-Bumnyama nemizamo yakè akasakupèlela ntweni. Ndakuti gqi ngapàya kwehlati ndayikulula ingubo yam yengonyama ndayibijela entloko ngoku kwenkatà, yada yatànda ukunga ingandisinda.

Ndaqubula izixòbo zam ndaza ndeva isandi sifutà sisiza, ndabambà isibindi andaxala. Ndanele nje ukuti gqi ngapàya kwemiti ndabona ukuba izile iqùtywa ngumsindo, ndamangaliswa kuba andizange ndivinxwale yafumane yandindulukela kungekò nto ndiyotùse ngayo. Umntu udalwe wanesitinzi kodwa kumafamnco angazanga amalama ngeliso, usuke abeyinto engento nedelekileyo kuti kuba aqèle ukuhlasela zonke intlobo zendalo angabisacinga ukuba ngaba kukò nto ingawoyisayo.

Elifamnco ndazimisela ukungajongani nalo ndililwe, kuba no kòkò waveke atètè futi ngelicebo ndilenze namhlanje esiti, "Xa umntu ate waqubisana nelifamnco eyedwa makazame ukungasabi xa analo iqinga lokwenza." Inye eyona ndawo itandwayo leliramnco—"yintloko."

Leza, xa sendixela inyani ndatánda ukungenwa ngamanzi; andayiqonda konke into yokuti ndiyeke iṫamnco liwe pėzu kwam ndingazihlanguleli. Kwavakala umfutò nesandi esipėlekezelelwa yindumasi yomoya omkûlu. Nje ngesiqėlo kwabakò ubumnyama obutile ndaza andaqonda kakuhle.

Ndikuvile ukubetȧ kwamenyo ayo eluswini lwengonyama, lwatiwa xwi ulus'olo, kutė ndakupėtúka ndayibona ijijitėka ngokungati ibetiwe, ndiyile ndafika amenyo ayo etshone onke eluswini ngoku yanqatyelwa kuku wakupȧ, isenza onke amacebo okwahlukana nalo, kodwa unotshe. Ndabeka nxamnye ingubo nomtwȧlo wam wonke, ndapȧtȧ ibúnguza ndaviya sendibufudumala kade. Ndifike kungekuko nokuba ixakekilė, ndase ndigalela entloko ngebúnguza lam ndenza isipȧngo.

Ayibanga sapȧkama, ndayiqongqotȧ ndayitsiba, ndaguya, ndahlaba pȧntsi ngomkònto; kutė nakuba ndiyityumze kwapėla intloko wabe noko umsila umana ukubėxesha, itė yakupela pam ndayihlinza, ufele lwayo ndake ndanomoya wokulugcina, kuba ukòkò wayesiti kuke kwenziwe iyeza ngalo ekwandiseni ubutyebi. Wayehambisa ati ngalo, "Xa kusikwe isiqwengana salo saza sapėkwa namanzi ada abila ize emva koko opúlwe kusezwe impahla ezalayo ngexesha ezekwayo, inokuti ngexesha ezalayo itsho ngamatòkazi odwa yonke." Kutė sendilugcinile kwabuye kwafika ngcingane itile yati, "Ude uzisindise ngofele lwalento uyakufumanana pina nempahla ehambȧyo, sewayishiya wada wancama nje. Zinkomo nebòkwe osazakwenza ntoni ngazo, kanti imihla nengqondo yakò seyinabele kwilizwe elizayo?"

Kutė ndisepàkati kwezingcingane kwati shinyi, entliziyweni, suke ndalushiya kòna apò; ndim lowo ndipùtùma umtwàlo wam ukuba ndibuye ndisinge pàmbili. Kuko into esendiyilibala, kutė okuya inamba ibigalela ngamenyo ayo kum, kanti u-Bumnyama uyabonela ude waxùma-xùma yedwa ecwàyitile, ebona ngati indosele. Ite yakujijitėka wada wayitėtà eba yena ngelakė inditė cařa ebomini, uze seletsiba kum etė shu amatye esiti uzakundigqibela. Immangalise kakùlu into yokuti efika pàmbi kwam, kanti sendisitsha kakade ngumsindo, undikò besendiswele ukuba ndimenza kubanina. Ndataka ndamde ndapàya, ndamlekuza utė xa ati finifini ndayeka ngebùnguza ebunzi, unge angawa ndamnika unyawo ngasemva waxùma wapėpėtėka, yekoko ukuya kutshona apò ndingaziyo. Ndatsho ndati, "Imfeketò yakò yanele andingeqùbeli pàmbili ukuyitwàla."

Ndahambà ndizibėnca amacala ndicwàyitile ngenxeni yoloyiso olungakanana ndaqonda okokuba akukò nto ndisayoyikayo elizweni ngapàndle kwesifo.

Ndacanda kumatàfa anabele ngase ntla; pàmbili gama pàya indlela yam yayiza kungena kwelimnyama ihlati, litė liyatshona elo ndabe sendilibonela kufupi ndalalisa embàmbėni yalo.

Andizange ndibuti cwė ubutòngo ndifundekelwa zingcuka ezenza ingxolo bonke ubusuku, ndoyika ndiba zondiqwenga, kungeko nacebo ndingalenzayo lokuzilwa, kumnyama, ndada ndazibika kowo ngamileyo ndati:

"Nceda Mdali, undikusele ngolusuku nje ngoko sewu ndigcinile ekuqwengweni ngamařamnco esendike ndaqubisana nawo eluhambėni lwam."

Ngati u-Nkulunkulu wausabela umtàndazo wam, kuba naku kude kwasa kungekò řamnco like lasondela, nengcuka ezo kwaya kutshitsha ngoku tshitsha ukukwaza kwazo.

Kwabamnyama, ndaqonda okokuba lendawo ndilalise kuyo namhla yenye yahluke geqe kwindawo endake ndazinyatèla. Kwaye kuti imiti yehlati yakushukunyiswa ngumoya kunge kuza kuti gqi ukumkani wamařamnco andiginye. Uvalo lwaxabana lodwa amehlo azila ubutongo, ingcingane eyema-imi yabanye kupèla yile yokuba "Lelam eli." Ukuzola kompèfumlo kwaba kude lè, ndacinezelwa bubunzima nesitòkotòko, ndada ndeva senditètile ndati, "Akwaba andizanga ndazalwa, bekulilungelo ukufa kanye kunokuba kuti ndipila ndibe ndisiva intlungu ezingaka."

U-Bumnyama ndambona selegaleleka ndandiba okuya ndambetàyo akasokubuye avelise buso bakè apò ndikona, kuloko u-Bumnyama wayefana neqaqa lona lingaziva kunuka.

Uhle wandibona ukuba ndikomnye ummango ka xakeka wafika wandibungezela nje ngokungati uzokunditùtùzela ekàngeleka lusizi, itè ingqondo yam oko yayike yatsalwa luloyiko ngoku yaguqukela ngakuye, ndifuna ukuva ukuba kungaba kutènina esoloko etène nca nam nje.

Uvakele esiti, "Nci! nci! nci! Kodwa yintoni le uyenzayo, ukusuke ushiye ikàya lakò? Ndicinga ukuba netòngo lakowenu selikunike umva.

Kunjalo nje elihlati uzakuhamba kulo linzima ukutyutywa, alina ndlela, linyakazela inyoka ezinobuhlungu namařamnco angapèzulu kulawa sewuke waqubisana nawo. Ndanditè mna jika kwakude ndisenzela ukuze ungagaxeleki kulamashwa sendibona namhla udada kuwo."

Anditàndanga kunabisa ntetò ndampèndula ndati, Ukòkò wayetètà futi esiti, "Xa umntu ezakuvelelwa yinto entle nelungileyo kukòlisa ukuti kubekò ubunzima obandulela kulonto. Njengokuba umfazi xa azakufumana umntwana uqale adlule ubunzima obutile (ukusika kwenimba,) kanti emva koko kobakò uvuyo ehlabatini kuba kuzelwe umntwana, zilibaleke imbulaleko zemizuzu esitèleyo."

Waye sitsho futi esiti pàmbi kokuba bazekuwa e-Mhlangeni bake babutwàla ubunzima bemfuduko besapùlwa yimitwàlo, besukeliswa ngamanzi elwandle zase Mpumalanga, ukuqùbeka kwalento akukàulezanga kwalatè ntsikelelo, kodwa kwakuba kufikiwe e Mhlangeni yalibaleka inzima yohambò suke konwatywa. Nalento yokuti xa kuzakusa kuqale kubekò ubumnyama obusisitòkotòko kanti emva koko kolandela ukuti qwenge ukusa kuze emva koko kulibaleke okokuba kuke kwakò isifingo. "Nditè "Uyabona Bumnyamu sendikunike imizekelo eyiyo noke uyibone; wena undotusa ngehlati elinconywa ububi ngenxeni yokunyakazela amaŕamnco anobuhlungu.

Ngumahlal' ekò lowo ukuti into ebuhlungu nenzima iziwe lucwàyito nolonwabo.

Ihlati eli undotùsa ngalo wena ndinyanzelekile ukulityutya ndide ndiye kuti gqi ngapàya kwalo; ndibona ngati kukò into entle endilindileyo ngapàya kwalo, eyakwenza ukuba ndizilibale inzima endiyakuziva kulo." U-Bumnyama ugxeleshe nje akabuye atètè, kuba noko ngumfo obesiti akoselwa abehle atòtè.

Kwasa okungaliyo, kutè emva kokutya isiqana ndabona kungeko nto ingakanani ingandibambezelayo ukuba ndinganduluki.

Ekundulukeni kwam ndabetwà ndasisidenge kukunga yifumani indlela, ndatyòboza emahlahleni ndaŕwe-

lwa ngameva ezintungweni nase zandleni, amehlo ndiwa pėpisa ngoku suke ndicime ndakugaxeleka kwindawo ezishinyeneyo.

'Yintoni le ivelisa intlobo zemibala pàmbi kwam?' O, Licànti! Kukò isiziba esinzulu kufupi nalo, kusemhlotsheni okokuba likàya lalo; ndolula ngokukàuleza kuba ndeva kusitiwa, "Malingade liyi gqibe yonke ukuyityila imibala umntu elijongile kuba kungenzeka ukuti agqibe ngokupàmbàna kungenjalo ahliwe sisifo esibi esiqala ngomsolo kanti siyakupèta sesinto yimbi."

Imiti eyapàntsa ukuba yinkatàzo ekundibambezeleni yile yawa kudala, amagatya ayo aye omile wawungatsho ngolangazelelekayo umlilo ngemini zekėpù nama hlwantsi engqele. Ndaman'ukuyikwėla lemiti ndiyitsiba; ndandisoyika nokunqumama umzuzwana ndisiti hleze ndive sendijutyelwa liřamba mhlaumbi ezinye inyoka zehlati.

Zazikò ezi ziti xa ndisinga pàmblli ndizibone sezi zibijele emitini zaza zavelisa intloko zilalele inyamakazi ezidla zona.

Ndandiya ndixùme ndide ndiye kuntlaleka emitini ndikwàze, ndilele, luti řipu uvalo; ndibaleke, ndikùbeke, ndihlatywe nangameva kubenje.

Ndiluhambė ndalwenjenje oluhambò lwam ndada ndafika kumlanjana ekwati ekufikeni kwam kuwo yapàndle into yokuba kulapò onke amařamnco ase hlatini asela kòna, wambi angabemi kumatye apàkati emlanjeni.

Kwafumana kwati ti landikòhla andayazi indlela nezibuko endowela ngalo, lwaye uvalo lwam belukàuleza ukuba kwesinye isimo ndakuqubisana nenxalenye yala mařamnco ařulubayo.

Ndalinga ukuwela kwati xa ndipàkati ndeva ndicùkunyiswa yinto engati lulutl ndahle ndaqonda okokuba

yinto yimbi le, ndataka ndabuya umva. kwaye namanzi lawo abedungekile ebangeiwa zimvulana ezazi mana ukuna emantloko ehlati elo.

Ndoyika kakùlu ndakubona inyamakazi ziman'ukufika kulendawo. Ndenza ilinga lesibini kwati ndingena nje ndagitshima, ndada ndawa emanzini, ndavuka bupùtùpùtù ndabe sendiwelela kweliyacala lingapèsheya; andibanga satànda kukusoloko ndimi ndijongene nento zalomlanjana. Ukunganqumami kwam kukàuleze kwandifikisa enzulwini yehlati. Yayi lihlati elinye eli, kodwa lalahlulwe ngulowo mlanjana, ndalityùtyà, ukushinyana kwalo kwandibambezela, ndaqubisana nentlobo zezilo. Inyawo zam zatànda ukudumbà, nendlala yandifikela, pòfu intwana yompàko yayisekò, ukungayidli oku kukungabikò tùba lihle, akukò ukuti kèfu ihlati linyakazela abemi balo. Kutè ngoku manandisiya pàmbili ndafika kwindawo emnyama ngendlela engummangaliso. Ndada ndatètà ndedwa ndati: " Apa ndifike empètweni wehlabati." Ndagqobà, ndagqobà kwelihlati ndada ndadinwa ndaliyakayaka, namaŕamncwa ndingasawaboni kulendawo, fanukuba ayesoyika obo bumnyama. Ndake nde ngcu pèzu komti owawayo, ndandula ukufaka isandla engxoweni ndeza nesiqa ndatya kungeko nto itùsayo ngapàndle kobumnyama obo, ndatya ndakàuleza andatànda ukulinda into endingayaziyo. Ndakugqiba ndapàkama ndavutùlula ingubo yam ndangcambàza.

Ibe lixesha elitile ndihambà ndibufunisela kwaza kwati kupi ndabona umtyi kwicala lase Ntshonalanga, kutè ndingekenzi namabanga angepi nde gqi ngapàya kwehlati, kanti nelanga alikatshoni, kodwa selingcangca pèzu kwentatyana lisiti: "Nditenge." Apà kulapò ihlati lalipèla kòna. Ndahambà isitùtyana esingepi

Ndavuka ndimpilo intle, kodwa elilela ubutòngo amehlo am.

Kwasa lisile izulu, ilanga lapùma libukeka liziqenqà kwisibàkabàka esize. Ndayaneka ingubo yam, yabe yinto yexesha elifutshane ukoma kwayo. Ndakùpà ilungwana lentamo ndalibeka pèzu kwelitye ukuze lizuze ukunquma elangeni, ndalitya lakuba lilungile.

Ndalungisa ingubo yam ndayivutùlula ndasula ikàka nemikònto, ndasuka nenxòwana yam kuba yasuke yaluqòtwana.

Ndambàtà ingubo yam ndakutàbatà konke okulunge kum ndanduluka. Mhlaumbi wokòlwa xa nditi apa kukupèla ukuba ndicinezelwe zimini ezinzima kuhambò lwam.

Lompàko ndinawo ngowa lanyama yengwe.

# ISAHLUKO V.

## Ipupa.

Ndenyusa ingxingwa ebalaseleyo ngobunzwana. Kuvuke amanqilo andandazela pambi kwam ndiwatètèle kube lutùli, ndidibane nenyamakazi zime zindijonge ndidlule ndizishiya ziseluxolweni, ezimpawu zahle zandalatisa ngetâmsanqa elizakundihlela. Ndihambe ngemitsi ndide ndisondele ekupèleni kwengxingwa. Ndafika ndidiniwe ndiyilonto ndada ndahlala pàntsi ukuke nditàtè amandla.

Amehlo am ayesindwa bubutòngo ndaman'ukunqwaleka, kutè kupi sendingasazi, bandoyisa ubutòngo, ndalala pàntsi kwesiwana emtùnzini ngexesha imità yelanga lase Ntla-Mpuma izibalulayo ngobushushu kuzolile :—

Kutyityimbà inyibiba,
Kwintili ezaluhlaza.
Kuvakal' amavukutù,
Kumahlat' azolileyo.

Kwati kaloku ndisalele njalo ndapùpà ndipàndlwa zizindlu ezimbala umhlopè, ndakuba ndisondele ndibone kupùma kwesinye sazo umntu obala ndingalaziyo nanamhla oku ukulicàna, kutè ndakufika emabaleni ezozindlu zabo endazitàtà nje ngeziduli bapùma bonke bandibungezela bandibambà ngezandla bandibulisa.

Kwanqaba into yanye pàkati kwam nabo, intetò yabo yasuke yasisi ntsompoti apà endingasiqondiyo.

Batètà besingisa kum, andayazi into abayitètàyo, fanukuba babe buza imvelapi yam, kodwa andizange ndibapèndule ndasuke ndanikina intloko. Ndike ndasingisa umbuzo, ndibuza ukuba bangobanina, babekwa yintonina kweli. Basuke bayana ngamehlo nda-

qonda nam ukuba ndibatshonele. Isuke lento yayingxaki yokuti abantu bapile intlalo yobunyamakazi bengezizo. Kude kwafumaneka into yokuba makutètwè ngeminwe ngoku kwezimumu ukuze kuqondwane, naleyo into idle imizuzu nenyanga ukuba iqondwe.

Yayingabantu abawele amanzi amaninzi ukuza kweli, inxalenye yabo basala elunxwemeni lolwandle apò babesebakile umzi omkùlu. Ukunduluka apò babamba befuna intlanga ezingabemi kweli ukuze bakuba bezifumene bazishumayeze ngo Nkulunkulu obuqaqauli bulengalenga emazulwini. Okupèla kodale amazulu nelimiweyo nenzaliseko ekulo.

Ibala labo lalifana nqwa nele nkawu ezi beke zizalwe ngabantu e-Mhlangeni. Impumlo bezitsolo, kwaba nye zizinkongolo ezingakangelekiyo, amehlo ebukali ngati abengaboni kakuhle imità yelanga yakubashushu gqità.

Yayingabantu abanobubele, kodwa bekusiti bakutètà intetò yakowabo bodwa ude ucinge okokuba ngabantu abahlebayo kanti noko leyo yingcinga nje yoninzi, kuba xa ulwimi lwezinye intlanga ungalwaziyo uti bakutètà ucinge okokuba uyahletywa.

Ibingabantu ekuti wakuba kangela uti fanukuba baqèle ukuhlasela kwezinye intlanga.

Isixòbo sabo yayi yintonga emnyama ehonjiswe ngentsimbi nemiti. Ndake ndabonela ngomnye umhla kuyiwe kuzingelwa, kutè isemgama inyamakazi bayalatà ngezontonga zabo, ndabona igileka iyokuwa nje ngapàya.

Sitè sakuba siyile safika ihlatywe kwindawana ezininzi.

Ukududuma kwesandi esipùma kulontonga yinto leyo eyayingabetà amadoda afotileyo ankwantye, kuti kwakaulezelwa yintaka ajikwe sele yakuzeyelisela.

vukela ndisekuxakekeni ; ukutyùtyà intsunguzi, nokuwela umlambo oswele amazibuko amahle, bekungento zincinane ezi ukunyanyezelwa."

Uve weva umfundisi wasuka waba nokuti nqa ezizindaba. Ubuzile wati, "Ndiyakolwa na ku Mdali onguTixo odale izulu nomhlaba, nayo yonke into? Naku Nyana Wake okupela kozelweyo naku Moya Oyingcwele?"

Ndatsho kuye ndati, "Ndiyakolwa ngu Tixo Mfundisi ndakolwa ningekafiki kwelilizwe, ndandimswele umntu woluhlobo ongandikànyiseiayo ngokufezekileyo, kodwa u-Nyana Wake andimazi kwa no-Moya lowo Oyingcwele utètà ngaye." Umfundisi usuke watàbatà umqulu watyila kwi Vangeli Engcwele ngokubàlwa ngu Luke Ongcwele wafunda kwisahlukwana sesibini sonke wabuya watyila kwi Vangeli ngokubàlwa ngu-Yohane Ongcwele kwisahlukwana sesitàtù (3. 16.) Kutè ndakugqalisisa ndaka ndazifuna, yaqala yafika lonto ibuntsomi ndaka ndayibaliselwa ngu kòkò Akadinwanga umfundisi ubuye wandifundela nangokuhla ko Monwabisi u-Moya Oyingcwele, waqononondisa kakùlu ku Maraki Ongwele 16. 15—18. Wafunda kwakòna emqulwini ebunyamezela : Ikesodusi 20. 1—17. U-Mshumayeli 12. 13—14.

Watsho ngoku andabi namhlaba wakuma, ndangcangcazela ndangenwa yintaka, ndanga ndiyakusuke ndife ndisekulengozi yokugwetywa, ndatsho ndavuma ndati, "Ndiyakolwa Mfundisi ku Tixo u Mdali wezulu no mhlaba, naku Yesu Krestu okupèla ko Nyana Wakè, naku Monwabisi u Moya Oyingcwele."

Ngomnye umhla umfundisi uhlanganise onke amawabo wandibiza nam esiti masihle siye emlaujeni. Ndavuma sitè sakufika wandixelela okokuba kufuneka

ndintywiliselwe ukuze ndifezeke ndibe nako ukungena embusweni we Zulu.

Uke wandibuza awona magama am nelona nditànda nditiywe lona kololuntywiliselo.

Ndamxelela okokuba elakowetù ngu Nqòla elase mfazweni ngu Sivutùza, kutè kuba ndandingumntu ofumane akòlwe nayiyipina indaba kwabe sekusitiwa ndingu Gqobòka—lilo elemayo nendimke sekuqèlwe lona e Mpumalanga, nakaloku ndingavuya ndinikwe kwalona koluntywiliselo; umfundisi walamkela. Wenze amazwi ambalwa ndabona selendibamba endifaka emanzini etètà lamazwi. "Egameni lo Yise, elo Nyana nelo Moya Oyingcwele ndiku baptizesha ukuba ungu Gqobòka."

Emva kwalomcimbi benza iculo labo ngentetò yonina, kodwa apà liguqulwe nge yakowetù.

## ICULO LABAFUNDISI.

(1) Kwezontaba zengqele
Zezwe lase Greenland,
Kumanxweme amhlopè
Alè e-Indiya,
Babiza besikòba,
Siy' ezweni labo,
Kwintambò zolahleko
*'Ze silikùlule.*

(2) Kweshushu imitòmbò
Yalap' è-Afrika.
Kwintili nemilambò
Nantso intlokoma;
Babiza, besikòba
Siy' ezweni labo,
Kwintambò zolahleko
*'Ze silikùlule.*

(3) Nangon' umoy' unuka
'Buqòlo e-Selon.
Nezwe lonke lilihle.
Kuncòl' umntu yedwa ;
Izipò zika Tixo
Zifana zipiwa,
Um-heden' ngokunazi
*Ukònz' izidalwa.*

(4) Singati na, sibona
Ngokànyo lwe-Zulu.
Sifihle isibane
Kwabangaboniyo ?
Memezan' usindiso,
Kuve nabakude,
Balazi elo-Gama
*Lo-Mesiya wabo.*

(5) Yiqùbeni mimoya,
Nani manzi nonke.
Lembàli yo-Msindisi
Iligqib' ilizwe,
Lihlambùluke lonke ;
It' i-Mvan' ibuya.
Isiza kulilaula,
Ifike ngovuyo.

Emva kweliculo labo ndabalusizi kakùlu ndakukù-mbùla izizwe zakowetù ezise bumnyameni ezingeka fikelwa lelitamsanqa.

Pàmbi kokuba sahlukane ndaka ndabuza kuye imbà-ngeli eyenza ukuba ilanga lidlale ngenyanga yo-Mnga lisandula ukungena endlini, ize nendalo namařamnco jikelele abonakale ecwàyita ngolosuku. Nale yokuti xa umbona umagxwala amazimbà evutiwe ebomvu kubekò usuku olulusizi ukutàbatèla emutwini kude kube semařamncweni. Ndabuza nendawo eyiwa ngababi nesipèlo soluntu nomhlaba jikelele.

Ibonakele incuma yodwa indoda yangapèsheya kolwandle ndakuyibuza lemibuzo; lonke iqela elo

Ukuza kuka Elija kuxelwa encwadini ka Malaki 4. 5—6.

Emveni kokuba zifezekile zonke ezizinto, uyakwandula ukuhla u-Nyana ka-Tixo esemafini epàhlwe ngumkòsi upèla wase Zulwini.

Ingelosi ziyakuvakalisa amaxilongo zize zibahlanganisele ndaweninye bonke abantu ngokuyalelwa yi-Nkosi.

Indawo oyakuqûtyelwa kuyo umgwebo ayicacanga ncam; mhlaumbi ingenzeka into yokuba uqutyelwe emoyeni pàkati kwesibàkabàka nomhlaba, kungenjalo wenzelwe e-Yehoshafate.

Kwiminyaka engama 300 emva kokufa kwe Nkosi yetù Intlambò yase-Yehoshafate yaduma nje ngendawo oyakwenzelwa kòna umgwebo yi-Nkosi yetù.

Lentlambò ingase mpumalanga kwe-Yerusaleme, ibucutèka, igongxekile. Iqalela entla yada yaya ezantsi, ipàhlwe sisixeko eso esingcwele ne-Ntaba Yemi-Nquma.

Umlambo i-Kidroni wawubaleka kuyo le Ntlambò, andingeyixeli eyonanto yawujikayo.

Intlambò leyo yonke ifelene sisiqweqwe samancwàba abiyiweyo, amanye ngaxòlwe emaweni.

Seyisuke yayinto esecimini ukufunisela ukuba ngaba kuninina, bengobanina abawaxòlayo lamancwàba? Sisiqweqwe sinye sawo, sinyusa Intlambo leyo, siso eso sada sayakubijela ngapàya kwe Yerusaleme. Ipàndle into yokuba kwaka kwamiwa kudala kuyo lendawo sisizwe esikùlu nesinamandla. Ingxelo zakudala azivumi kuqàukana nento yokuba umgwebo wokugqibela uyakuba kuyo lendawo.

Ama Yuda nama Moslim ati akukàtàleleki nokuba izidumbù zawo zingati sâ elizweni lonke, kodwa

ngemini leyo eyakuginya ezinye imini, ziyakutwâlelwa e-Yehoshafate.

Muye kuba Polofeti oyikânkanyayo Intlambò yase Yehoshafate njengendawo enyulelwe umgwebo wokugqibela, ngu Joweli 3, 1—2.

"Ngokuba, bona ke, ngemihla leyo, nangexesha elo, okuya ndiya kubuyisa ukutinjwa ko-Yuda ne-Yerusaleme, ndiya kwandula ndizihlanganise zonke izizwe, ndizihlisele esihlanjeni se-Yehoshafate, ndipikisane nazo kôna apò, ngenxa yabantu bam nelifa lam o-Sirayeli, ezibacitileyo pakati kwezizwe, zalaba ilizwe lam."

Kuyakubako inyakanyaka yabantu kôna apò, kopitizela ngase Yerusaleme. Iyakufelana i-Ntaba-Yemi-Nquma kude kube sesitèndeni sayo. U-Yesu uyakugweba pàmbi kwabantu bepèlele, ukuze kungabikò unasiřořo.

Bayakufika ngelopânyazo e-Yehoshafate apò bevela kuyo yomine imimoya, baze balindele ilizwi lokugqibela eliyakutètwâ yi-Nkosi.

Baninzi abayakufika betyetè ngenxòwana zabo ubugwenxa babo abangazanga babulahla kwada kwaba lolosuku.

Kuyakuqauka—kuhlangana, nditètâ ukuti "Ziyakubila-zisoma," kuba u-Yesu eyakuhlala pèzu kwengcingane, intetò, nezenzo zetû. Lomini iyakuxaka izilumko.

Ukumkani ngolusuku woke abuze kubèlwana abengangeni ngexesha lokonwaba kwakè emhlabeni pàntsi kopàhla lwendlu yalo, ukuba yimini enjanina le?

Izilima zoconjululwa ingcambû zelwimi zazo ngalomini zitètè zidumise ubukûlu buka Yehova esidlangalaleni. Iyakuba bupûpâřa lomini ngenxeni yemvalo

ibekò, izilimela azisakufika eshumini ingehlanga nakuba wena isiqu woba soukobandayo.

Ezintlanga uzipùpileyo kuyinene okokuba zovela e-Ntshonalanga, inwele zazo zimayakayaka ngoku kobulunga.

Kodwa uhlanga oluyakuti ngqo luze e-Mhlangeni, luhlanga oluyakuba lunengcwangu, olutànda ukuhlasela kwezinye. Lontonga imnyama, bayakucità ngayo into eninzi yezizwe, inkosi zonke zeli ziyakoyiswa lulo zikònziswe budake ubukòsi bazo kungabikò nceba yokubupàkamisa. Kambè-ke pàkati kwalo kobakò abapètè umqulu, kulapò ukumiseleka kohlanga kofike kuvele kòna. Otè akawugqala lowo mqulu wobukuqeka kubo ubukòsi belilizwe nelizayo.

Oluhlanga luyakuza lujonge into ezininzi kuba loba luvela kwimbandezelo enzima yempilo yelilizwe. Luyakutànda ukukangela amalungelo alo kuqala odwa, lungandule luba nakanele ntweni abemi beli. Luyakuxakwa kukulaula abantu abahluke kakùlu kowabo umbuso nombaia.

Abapati bomqulu inkoliso yabo yobangabantu abantliziyo zinosizi ne-nyaniso, nakuba igunya labo embusweni lingayikuvelela kakùlu.

Ngelinye ixesha kobakò ukungaqondani kakuhle kwezintlanga zimbini, into leyo eyakude kuti kunini yenze olunye uhlanga lubànge lungabisabiko kwelilizwe. Isizukulwana esizayo siyakunqina lento. Oyena mntu wosinda ngoyakunamatèla ngamandla emazwini alowo mqulu, angayekeleli anyamezele kude kube sekupèleni enomonde nentshiseko.

Njengokuba umqulu lowo woba unendaba ezityekayo nezimnandi, woba uzele yinto eyakutànda ukumangalisa abaninzi kude kubekò ukubuzana nokunga qondani pàkati koluntu ngawo, kuba ekufikeni kwawo,

abantu bayakuba bevana kakùlu, abanci besiva abakudlwana, abakudlwana besiva abadala kubekwene zizitshaba. Umolokazana esiva abantu bomzi wakė, abantwana besiva abazali, abafazi besiva awabo amadoda, wona eziva inkosi, zona zimnakana u-Tixo. Koti umqulu wakufundwa kakuhle kubekò ukupâmbâna kwengqondo yemvelo ebantwini.

Abantwana bayakuba ngaba ngevaniyo, izitshaba ziya kutiyana, kobako ukungevani pàkati komolokazana nabomzi wakė, kopèla utândo pàkati komfazi neyakė indoda, inkosi zingaziwa ngabantu bazo; abapėtė umqulu bapikisane bodwa into leyo eyakudala intapâne yamahlelo. Oyakusinda ngoyakujonga emqulwini, alinde, atândaze.

Bonke abasukuba bekòlwa zindaba ezo, bayaku bàptizwa e Gameni lo Yise, elo Nyana, nelo Moya Oyingcwele, babuye bazisule ngokuti bagcine imitėtò ka-Tixo bamoyike bengazenzisi. Wena Gqobòka ufumene usindiso epûpėni, abaninzi ngaba ngasayi kulifumana eli tâmsanqa ulizuzileyo."

Kutė oko benditiwe makatà ndancuma ndada ndapimisela ukuhleka, ndambuka u-Kânyo, ndamtânda, wandomeleza ndapila.

Ndasendilungisa kòna apò kwesosiwana ukuba ndilale kuso ukuze ngemini elandelayo ndibonane nohambò lwam. U-Kânyo wandinika isonka esincinci waza wabuya wandiseza amanzi angekòyo, andizanga ndabuza nalapò azizeke kòna ezizinto. Ndandiqala ukufumana ukutya koluhlobo soloko ndabakòyo. Ndalala ndikòlisile ndonwabile empėfumlweni.

# ISAHLUKO VI.

## Umbono.

Kwati kaloku kwakusa ndavuka ndafahla ndim lowo ndisinga kwicala lase Mpumalanga, ndafika kumzi wokuqala, amabombò sendiwa bèkise e Mhlangeni.

Gxebe ndaka ndapumla kulowomzi okwentsuku ezimbini mhlaumbi ntatù. Ndaba balisela ngehambò yam abobantu balunge kunene, ndisusela kwase kundulukeni kwam e-Mhlangeni nase kuqubisaneni namaŕamncwa asendle nokuhliwa kwam lipùpà nengcaciso awayenzayo u-Kànyo ngalo.

Abantu balowomzi yayi ngabantu abalungileyo nabasimilo sihle. Indoda nenkosikazi ngakunye bebenga tùmani manzi mayelana nobubele.

Igama lendoda yayi ngu Ntsizi inkosikazi ingu Nontsizi, babe nabantwana abaliqela beqeqeshekile esimilweni. Kodwa ungatini wena xa nditi baliIa inyembezi bakundibona ndilijacu, ingubo zam zidwengekile, ubuso bunemibimbi sebushwabene, inwele zingamaqotòlolo zimhlopė ndingahluke nakancinane kwixėgo lomkolonjane!

Kutė xa inkosikazi yayipàndle nomninimzi esebuhlanti pàya kwavela ntwana apà kutiwa ngu-Swelingqondo endimtàbatė nje ngowamatùmbù wati akundijonga, "Ha! ha! ha! Yintoni le?" Udade wayo u Hlonitshwa ukàuleze wayisweba yalila kwapėla ukundweba kwayo.

Ndapėkelwa ubisi ndatya ukutya okushushu, ndalala kwefudumeleyo indlu, ndanikwa ezilungileyo ingubo endaweni yeziya zam.

Emva kwentsuku ezintatù ndisekuwo lowomzi nde-

(5) Ndalwa ngokàlipò
Enkangala,
Wokùmbùla Wena,
Ngezamini
Zamadab' amabi
Namajamnc' asendle,
Ndawoyisa.
(6) Ndisondeze Bawo,
Kwezo ngcango
Zimakazikazi
Zama zulu;
Ndibe kulo ntsholo
Kunye nengelosi,
Ndidumise.
(7) Z' ungandilibali,
Ekwabeni
Amaxòba Tixo,
Kwelo kàya,
Owalisekela
Onk' amalungisa
Akuvayo.
(8) Ezo ngalo Zakò
Zobubele,
Zezindisingatè
Ndakufika
Ndilundwendwe kwelo,
Ndambàt' amadlavu
Alomhlaba.

Emalanga kwakulo olosuku, ndatètà ndati kumninimzi, "Selenga u-Tixo angaku tàmsanqela akugcine ude ufumane indaba zosindiso eziya kufika msinya emva koku, mna andisenguye welilizwe."

Botùka kakùlu abobantu balungileyo yilentetò.

Ngoncwàlazi lwemivundla ndabona kufika kulendlu ndikuyo inkongolo u-Kuta selemi emnyango, ekwèle iqegu elimhlopè elingenampondo esiti mandenze sihambe ixesha selifikile. Ndaba kubuza ukuba bayayibona na lento ndiyibonayo. Balandula, kwa

Lutè lwakundibona lwandijonga ngamehlo osizi lwahlala lwati tu, lolula izandla ngokungati lubona unina, lwada lwancuma. Kutè ndakululukangela ndaqonda okokuba alungapèzu kwenyanga ezimbini luzelwe. Ndabufanisa ubuso balo kakùlu banga bobomntu endaka ndamqèla. Ndegqità ndalushiya, lute ukuba luqonde okokuba ndilushiya nyaninyani, lwasuka lwatsho ngesiřafa into leyo eyasuke yabetà ndasidenge. ndada ndacinga ukujika ndilubeleke; kodwa ndoyiswa ngamandla elazwi lati maze ndingajiki ndikàngele ngemva.

Ndanyamezela ndasinga pàmbili intliziyo kungekuko nokuba isikekile.

Ndandikòtùkile kanjalo ndisiti ndova ukutètiswa pàmbili ndilushiyile nje usana lwabantu lulodwa luselusizini mhlaumbi lubekwe ngabom ukuze kubonwe ukuba ndingonolunya okanye onotàndo nonosizi kusinina. Yiyo-ke into eyake yandikàtàza ngapàkati entliziyweni xa sendiludlulile.

Nantsi induli imi nqo pàmbi kwam, imxetùka ngembonakalo akukò mqondiso wokuba ike inqolwe pòfu indlela yam icanda kuyo. Ndahambà, kutè xa ndiqalayo ukuyinqola suke yanyibilika andabi sayibona yangummango endaweni yayo, ndahamba lula kakùlu.

Nditè ndakuwufeza lommango ndabona sendinyatèla kumhlaba omhle kunene, intyatyambo nencà icùme yancamisa. Intliziyo yam yanga ingatimbèka, iliso lam alikange lijike ukubèka ngemva; kwakuduma inyamakazi ne nyosi, kwabakò nomtòmbò ekwati ndakupòsa amehlo am kuwo ndanga ndaka ndawubona, ndaqonda okokuba ndingalibala, ndenza ndahambèla pàmbili.

'Yintoni le, yenze itùnzi ecaleni lendlela?' O, yingonyama! inentloni akuvumi ukuba indijonge isuke ya-

nyuka londlela ibucutėka sendingasazazi. Kutė ndakuti tů kumzi omhle ndaka ndaiqumama, ndayama ngotångo oluhle olwalungabiywanga ngamatye, lwalukåzimla luhonjiswe ngentsimbi ezizintlobontlobo.

Bendisoloko ndihleli ndilindile, apò nditė ndabona kuti tů kwindlela endibendisiza ngayo abantu abahlanu, indoda ibeleke umfazi belandelwa ngumfazi obeleke indoda, kugqibele inzwakazi eyayipėtė intonga.

Bawatyůtyå onke amasango ezontango nendawo ezicentwe ngobunono ekwakwandlalwe amatye abazwe kakuhle ngu-Lizwi. Ubukulu be-Zulu bazila, bada bayakungena apò, nditi fanukuba kwakusembuzweni. Kube lixesha elide bengapůmi, kutė emva kwexesha elitile ndabona lanzwakazi eyayigqibele kweso sihlanu, ipůma icwåyitile ifola ingubo emhlabeni ngesokòhlo, ipåkamisa intonga yayo entle eyayifana kakůlu neyomsimbiti itshayelela ivuma isiti.

"Makadan' u-Satåna,
Makadan' u-Satåna,
Makadan' u-Satåna,
Ndiyayibonga inkosi yami.
Hm—m—hm—m—hm—mm."

Kwavakala ilizwi lisiti, "Lo wayeyi mbůmbå kwase Mhlangeni umzimbå oyitempile ka-Tixo akazange awungcolise, waye kůmbůle imini ezinje ngezi akuzo namhla. Yaya kusitėla kwelinye icala.

Ababini ndibone bepůma beqůtywa yindoda emnyama enwele zinde ingxangula ngamazinyo ipėtė induku.

Bapůme elowo sele twėle owakė umtwålo ngenxòwana. Esisigebenga singasavumi nokuke unyawo luyiceze indlela. Ide yati indoda leyo ebineziqulubå

selusuke lwayindoda endala enezimvi okanye umfazi omdala, inyawo sezirola pàntsi, asike akòhlwe ukuba wozimela pina nalomtwàlo, kubenzima ngakumbi kwakubuzwa kusitiwa, "Lomntu umsangapina?" Inkuku isuke isikwe umlomo, kuba lomntu ubelekiweyo ubengafunwa nganto.

Induli ngumzi wezono, kuti xa seziziniuzi zibe vinduli enkulu eyenza ukuba u-Tixo abemgama kakùlu kumninizo; into leyo ekuti ngamanye amaxesha yenze okokuba u-Mdali angeva naxa kusukuba kucelwa usizo Kuye nangakumbi ngamaxesha okubalela kwelanga nezinye izinto ezike zifunwe Kuye ngabantu, kodwa elungiseni ayisiso sitintelo nakancinane iyalishenxela lidlule.

Elolizwe lihle, bubutyebi nobumnandi neziyolo ezikòlisa ukulibazisa abaninzi batimbèke intliziyo bangakùmbùli okokuba kukò indawo efuna ukusetyenzelwa ngompèfumlo banganyabi ukuze bazuze upùmlo lwapàkade, kuba ubutyebi base Mhlangeni bunesipèlo nentsizi.

Ingonyama, ingwe, nenambà ngumzekelo obonisa indlela ezininzi alwa nazama ngazo u-Satàna ukutimbà umpèfumlo ku-Mdali wawo; kodwa luvuyo olungakanani wakuzoyisa ezintshaba (izilingo) eluhambèni lobugqobòka.

Ihlati ngumzekelo obonisa icebo lika Satàna apò afike adukise abaninzi bade bayokweyela ngenxeni yokungade bayifumane inyaniso kakuhle. Kuti elixa umntu agqobòkileyo kube kokukona asecimini, suke uluvo lwakè luxabane lodwa apikisane nomqulu ngendlelana ezitile ade adakele kobobutùba kutètwè ngokutiwa, 'Ulahlile'—Kupèla kwento egxeka u-Moya Oyingcwele.

ntsimbi sezihlokoma, kanti lelixa emhlabeni kuvakala isijwili ngenxeni yompefumlo omnye ofudukileyo. Kuya pitizela kwinxweme zalomlambo kungeko kupumla.

Zizo ezi ke ekuke kwatiwa mandizoku kukubalisela mninindlu Ntsizi ukuze ukwazi ukwazisa nabase Mhlangeni.

Ndizakulala ubutongo obukulu bokugqibela emva kwalamazwi endikutaza abasayakulima ilizwe eli. Ndilindele ixilongo lokugqibela eliya kusihlanganisela ngase Ntabeni-Yemi-Nquma e-Yehoshafate, indawo leyo eyintliziyo ka-Kanyo.

### "JIKELELE."

Dumisani u-Yehova jikelele!
Nimdumise ninganqeni jikelele.
Nonke nina bantu bakė jikelele.
Nguye ongu Tix' u-Mdali jikelele.
Walidal' i-Zulu lakė jikelele,
Wawudala nalomhlaba jikelele.
Wazidala naz' ilwandle jikelele,
Nayo yonke int' ekuzo jikelele.
Wazidal' izilo zonke jikelele,
Nezi nambuzane zonke jikelele.
Inkwenkwezi wazidala jikelele,
Nal' ilanga walidala jikelele,
Nay' inyanga wayidala jikelele,
Wazidala nezilima jikelele,
Wazidala nezilumko jikelele.
Wazidal' imbongi ezi jikelele,
Wati, " Ababant' imbongi jikelele.
Ngabo' endiyakuba tuma jikelele
Kuyo yomin' imimoya jikelele,
Bazis' obam ubukulu jikelele,
Kuyo yonke indalo yam jikelele."
Vutelan' amaxilongo jikelele.
Qubudani kuye zizwe jikelele.

Nguye yedw' owaziwayo jikelele.
Ikumkani zelilizwe jikelele,
Ngezisiwa ngamadolo jikelele,
Ziqubude pàmbi Kwakè jikelele;
Kub' emkûl' esoyikeka jikelele.
Wagcin' u-Ntu nendlu yakè jikelele,
Watûndez' onyana bakè jikelele,
Wakûsela nomtinjana jikelele,
Sada sand' isizwe sakè jikelele;
Ndiba noko nditètile jikelele,
Taruni ke nkosi zami jikelele.
Jikelele, jikelele, jikelele!!

ISIPELO.

